


INDLELA YOMPROFETI

WOKWENYANI

 Enkosi, Mzalwana uBorders. Makhe sihlale nje simile ngelixa sisenza umthandazo. Ndiyazibuza ukuba ngubani onesicelo ngokuhlwanje, ungaphakamisa izandla zakho uthi, “Nkosi, ndim”? Ngoku makhe sithobiseni iintloko zethu.

² Bawo wethu waseZulwini, njengoko sisiva elo culo, “Nkosi, ndiyakholwa,” sinokucinga nga—ngamaxesha apho, kwihlabathi jikelele, ndakuva oko ngeelwimi ezininzi kakhulu, “Nkosi, ndiyakholwa.” *Kholwa Kuphela*. Kwaye, Bawo, siyathandaza ukuba liyakuba ngaphezu kweculo kuthi ngokuhlwanje lize libe yinene. Yanga singaba nokholo olukhulu kuWe ngokuhlwanje.

³ Kwaye ngoku siyathandaza ngenxa yeli bandla lincinci, umalusi walo, uMzalwana wethu uFuller, isicaka Sakho, umzalwana esinentembelo kuye. Kwaye sithandazela usapho lwakhe, abasebenzi bakhe apha, amadikoni, amathenjwa, nabo bonke abo abeza kwezingcango zingcwalisiweyo. Siyathandaza, Nkosi, iyakuhlala iyindlu yokukhanyisa kaYesu Kristu.

⁴ Sikelela bonke abazalwana abalungiselelayo abo abalapha ngokuhlwanje, abo abangenayo baze baphume kunye nathi, kuyo yonke indlela. Siyathandaza, Bawo, ukuba Uya kubasikelela ngokugqithisileyo.

⁵ Kwaye siyacela, ngokuhlwanje, okunye ukuthululwa koBukho Bakho phezu kwethu. Siswele, Nkosi. SiyaKudinga. Sihlala sinesidingo rhoqo ngokuba silapha ethafeni ledabi, Nkosi, apho izigqibo kufuneka ukuba zenziwe. Kwaye siyathandaza, Bawo, ukuba Uyakuhlala usikhuthaza rhoqo ngoBukho Bakho. Oko kwenza lukhulu kuthi, ukwazi ukuba Unathi. Nje ukuzibonakalisa ngoKwakho ukho, Nkosi, ngoko oko kuyasikhuthaza ukuba siqhubele phambili. Philisa abagulayo nabaxhwalekileyo. Sindisa abalahlekileyo. Yomeleza abatyhafileyo. Fumanela kuWe uzuko. Sikucela eGameni likaYesu. Amen.

Ningahlala phantsi.

⁶ Ndiyakholwa ukuba yayi nguDavide owathi, “Ndavuya xana besithi kum, ‘Makhe siyeni endlwini yeNkosi.’”

⁷ UBilly uye wathi, kwithutyana elidlulileyo, wathi, “Ingaba awuziva ubudinwa, tata?”

⁸ Ndathi, “Ewe. Ndibe ngondiniweyo ebomini bam bonke.” Kuye kwathi kanti ndiya kuqhelana noko.

⁹ Ndaqalisa ukucinga, “Ke, ndiya ndisaluphala kakhulu. Bekufanele ukuba ndibe buyekelela kancinci.” Ngoko umntu othile weza, omalunga namashumi asibhozo okanye amashumi alithoba eminyaka ubudala, nje elivuthisa ilizwe, ophantse ukubuphinda kabini ubudala bam, uyazi. Ndacinga, “Bethu! Ndinentloni ngesiqu sam.”

¹⁰ Ezantsi emnqubeni ekhaya, kukho isibini esidala esinegama elinguKidd, esiya ezantsi phaya sivela e-Ohio. Ngoku, sosibini siphakathi, ke siphaya, kumashumi asibhozo anesihlanu okanye amashumi asibhozo anesibhozo. Kwaye ke sidala kakhulu side sibe asisakwazi ukuya emabandleni kangako, ngokuba elabo. . . Asisenazwi ngokwaneleyo. Kodwa uyazi ukuba yintoni esiyenzayo? Malunga nayo yonke iteyiphu. . . Eli xhegokazi lincinane lagcina imali yalo laza lathenga isixhobo sokudlala iteyiphu. Kwaye ke lifumana iteyiphu. Ndilithumelela iiteyiphu. Kwaye liyazithabatha ezi teyiphu, lize liye ezibhedlele, naphina na apho linganokuthi libeke khona lo esisixhobo sokudlala iteyiphu, lona kunye nomyeni walo omncinane omdala, badlale ezo teyiphu. Kwaye ngoko ndilithumelele ezinkulu ezisongiweyo i—iziziba ezo endithe ndazithandazela. Kwaye kuye kube kanye ethubeni, “Mzalwana uWilly, ndiphelelwe zizi ziba zomthandazo kwakhona.” Kwaye ngoko xana ndibabona, liya kuza enkonzweni, inweele ezincinci ezimhlophe, netyali encinci; kunye naye, intwana encinane yomfo.

Malunga neminyaka emine okanye emihlanu eyadlulayo, xana ndandise. . .

¹¹ Lithini igama laloo ndawo iphaya e-Ohio, apho baba nala ngqungquthela nyaka ngamnye? Bayibiza ngokuba yiChautauqua. Kodwa ndiyayilibala ngoku. Ikumabala aphyaya. Kodwa lithini i—igama lesixeko yi, Andilikhumbuli ngoku. [Umzalwana uthi, “YiFranklin.” Udade uthi, “YiMiami, ngaseMiddletown.”—Mhl.] Ngoku, si, nikufutshane kanye ngoku. Umntu othile wathi sidlula kanye eMiami. [Umzalwana kwakhona uthi, “YiFranklin.”] Kwaye sikufutshane kwiFranklin. Ewe. Kunjalo oko. Kanye phakathi. . . Ndiyakholwa ukuba iphakathi kweFranklin. . . [Abazalwana ababini bathi, “EMiddletown.”] IMiddletown. Yiyo leyo. Kunjalo oko. Ke, kunjalo oko, eMiddletown, ezantsi emlanjeni, ke kumabala aseChautauqua phaya. Eso siso esikhulu sebhola lomnyazi, iziko leembaleki phaya.

¹² Kwaye lo mzalwana, owu, ndabazi iminyaka, kwaye uMzalwana omncinci omdala uKidd nguye, owu, ndiyaqikelela ukuba unamashumi asibhozo xana bamthabathayo, kwaye oogqirha bafumanisa ukuba idlala lengqula lalijikile laba bubulwelwe. Kwaye ke eli qhubu lwamjijela nje. Ke, bathi kuyakufuneka ukuba lityandwe. Ke xana bathi bamvula, “Ngokuba, akusekho sidingo sakumtyanda. Sele lihambe kakhulu.” Yabona? Bathi, “Akukho ndlela yakwenza oko, konke

konke.” Ke, bamzisa umfo omncinane ekhaya. Kwaye, utyando, lunzima kwindoda enamashumi asibhozo eminyaka ubudala. Kwaye wayenobunzima obumalunga, owu, ndiyaqikelela, ngaphantsi kwekhulu leeponti.

¹³ Ke, uNksk. uKidd watsala umnxeba, ezantsi. Ndandisandula ukufika ekhaya ndivela ndaweni ithile. UMzalwana uKidd wayesifa. Kwaye wathi, “Ufuna ukukubona, Mzalwana uBranham, ngaphambi kokuba u...ngaphambi kokuba ahambe.” Ke, uBilly kunye nam saye sajika. Safumana u—umyalezo, ngobunye ubusuku, malunga nentsimbi yeshumi entloko. Saqalisa, ngentsasa elandelayo, malunga neyesine. Ngokuba, emini ngosuku olulandelayo, ndandimelwe kukuhamba kwakhona. Kwaye saphantse sakrazula amatayala wenqwelo mafutha yethu, sinyukela phezulu phaya.

¹⁴ Umfo omncinane omdala, bamvusa xana ndifikayo phaya. Kwaye wayenetyali encinane phezu kwamagxa akhe, ehleli phaya njengosolusapho omdala. Lonto nje yenza into ethile kum. Kwaye xana ndayayo ukuya kumkhangela, wakhangelanga ngaphaya.

¹⁵ Kwakukho elinye inenekazi elidala elalihleli phaya, lingomnye wamalungu webandla lakhe kusukela washumayela ezintabeni, kwilizwe lamalahle eKentucky, apho wayehlambela khona ishumi elinesihlanu leesenti ngosuku, ukuze athumele umyeni wakhe phandle emasimini ukuya kushumayela iVangeli. Oko kwakumalunga neminyaka elishumi ngaphambi kokuba ndizalwe; eshumayela uMyalezo! Kwaye wajonga ngaphaya, waza wambiza “makhulu,” kwaye yena eneminyaka engamashumi asibhozo ubudala. Kwaye yena wayesele edlule amashumi alithoba. Kwaye ke wathi, “Makhulu, ukhangeleka umhlophe njengekhephu.”

¹⁶ Ndacinga, “Leyo yindlela kumlungiseleli yokukhangela kwabanye bebandla lakhe, elele, ehleli phaya, esifa. ‘Makhulu, ukhangeleka umhlophe njengekhephu.’” Ehe.

Waza wajonga ngasemva macala onke. Wathi, “Mzalwana uBranham?”

Ndathi, “Ewe, Mzalwana uKidd?”

¹⁷ Wathi, “Ke, ndiyaqikelela ukuba akuzukuthabatha xesha lide ade Ehlise inqwelo yam.” Wathi, “Ndiyenyuka, kusasanje.”

¹⁸ Kwaye ndathi, “Kuyamangalisa, Mzalwana uKidd.” Ndathi, “Nantso indlela yokuziva.”

¹⁹ Kwaye omncinci omdala uDade uKidd, bangaphi abamaziyi, apha? Ehe. Ndiyazi, owu, uninzi lweni luyabazi. Ke wathi... Wathi, “Kodwa, Mzalwana uWilly, awucingi ukuba uThixo angamphilisa utata ngoku?”

Wathi, “Ngokuqinisekileyo, Anganako.”

20 Kwaye wathi, “Ke, uzuko kuThixo!” Wathi, “Ukuba Ufuna ukundiphilisa,” wathi, “Ndi—ndikulungele ukusebenza kwakhona.”

Ndacinga, “Iminyaka engamashumi asibhozo ubudala!”

Ndaqalisa ukuguqa phantsi. Nako kufika umbono. Oko yayikuko.

21 Kwiintsuku ezimbini kamva, bambuyisela esibhedlele. Amakhwenkwe akhe ayesemkhosini wamapolisa phaya esixekweni. Awabanganakho ukukuqonda oko. Amthabatha ambuyisela kugqirha kwakhona. Kwaye ugqirha wakrwempa intloko yakhe, wathi, “Madoda, akukho mkhondo woko endingawufumana naphi na, ngoku, ndixelele ibali lakho.” Kwaye ngoko waphantse wasidiliza esibhedlele. Kanye wabuyela ephethe isixhobo sakhe sokudlala iteyiphu, nanko esiza, edlala uMyalezo. Kwaye bahlala phaya e...Kwaye kanye phaya kufuphi neChautauqua kanye phaya.

22 Ngoku, nje ndakuba ndiqalise *AmaTywina Asixhenxe*, njengokuba senzile *KwiziGaba Ezisixhenxe Zebandla*, wanditsalela umnxeba ngobunye ubusuku, wathi, “Ke, sthandwa, ukuba nje bendinemali,” wathi, “Ngokuqinisekileyo bendingathanda ukuhla.”

23 Ndathi, “Yilibale lonto, Nksk. uKidd. Elakho—elakho igumbi lilindile. Wena kunye notata yihlani.”

Wathi, “Asikelele intliziyo yakho encinci!”

24 Kwaye loo nto nje indenza ndizive ndonwabe ngenene, uyazi, kuba bayandomeleza. Kumashumi asibhozo anesihlanu okanye amashumi asibhozo anesithandathu ubudala, kwaye basahamba nangoko. Ngoko mna, ndikhalaza apha, kumashumi amahlanu anesithathu. Ke, bethu, ikwenza uzive ufumana inkuthazo.

25 Ke, sinokuninzi kakhulu esinokuthetha malunga nako, kwaye elona qela lithandekayo ukuthetha kulo, ngokuba, singahlala nje apha isiqingatha sobusuku.

26 Kodwa kufuneka niye kwisikolo seCawe kusasa ngoku. Ngoku, kufuneka niqiniseke ukukwenza oko. Kwaye khumbulani, ndahlala ndisithi, kusisono ngokupheleleyo ukuthumela abantwana bakho kwisikolo seCawe. Ungaze uyenze loo nto. Oko akulunganga. Baseni, rhoqo. Yabona? Hlalani nisiya nabo. Yena . . . Kwaye ke, ngoku, oko kukusasa.

27 Ke, ngoku, ukuba kuya kufuneka ukuba uphoswe ngumsebenzi, ukuva, ukuba ube kunye nathi kwaye uthandaze kunye nathi, na njalo njalo, kufuneka uphoswe ngumsebenzi, oko kulungile konke. Nje qhubeka kwaye uphoswe ngumsebenzi, kodwa musa ukuphoswa yinkonzo. Musa ukuphoswa yinkonzo. Andinakuze ndikwenze ukuba ubesemva kwexesha ngokwaneleyo ukuba uphoswe yinkonzo. Kodwa ukuba kuya kufuneka uphoswe ngumsebenzi, kanye ethubeni, oko akuyi

kwenzakalisa. Ngoku, kuba, umsebenzi, eso nje sisonka sakho semihla ngemihla, kwaye, wena, iNkosi ithembisile ukukubonelela ngako oko. Ke, kodwa, oku, kufuneka uqiniseke ngenene ukuba uyeza enkonzweni. Uyabona?

²⁸ Ndinga, ngomso kusasa, ndiya kube ndikunye nomzalwana othile olungileyo apha esixekweni. Kodwa andilazi igama lakhe ukuba ungubani ngoku. Ndinga ukuba libizwa ngokuba yi-APostolic Church, okanye i-APostolic Church, gxebe. Yi-APostolic Church. Ndi—ndisenokumazi umzalwana. Igama lakhe alikho kwiphepha. Kodwa andi—andikamazi ukuba umzalwana ungubani okwangoku. Ke ngomso ngokuhlwa, phezulu. . . [Umzalwana uthi, “UMacias.”—Mhl.] Uxolo? [“UMzalwana uMacias.”] UMzalwana uMacias. Owu, uMacias. Owu, ibandla laseMexico. Ingaba oko kunjalo? Owu, ingaba ngulowo owathabatha indawo kaMzalwana uGarcia xana wemkayo apha? [“Kunjalo.”] Kulungile. Oko kulungile kakhulu.

²⁹ Ndithi, ndafumana incwadi, apha kwixesha elithile eladlulayo, ivela kwintombi yakhe, phezulu. . . UMzalwana uGarcia, phezulu e—eCalifornia, isabambelele nangoko. Ke, ndinombulelo kakhulu. Kwaye ndabona uMzalwana noDade uGarcia xana ndandiseSan Jose, ndiyakholwa, kunye noMzalwana uBorders phezulu phaya. Baziphilela nje kakuhle. Andinakuze ndibulibale obo busuku buninzi phezulu phaya kuloo nkonzo incinci yaseMexico. Andizange ndabeva abangako “OoGloria a Dios” ebomini bam bonke. Andinakuze ndikulibale oko, “UGloria a Dios.”

³⁰ [UMzalwana uWilliams uthetha kuMzalwana uBranham—Mhl.] Bethu! Enkosi, Mzalwana uWilliams. Oko kulungile. Ishumi elinesihlanu lamakhulu ezitulo, kusasa, kweli bandla. Yithi, kumntu wonke eze ngapha, ukuba awunakuya. . . Ngoku, yima umzuzu nje. Kungcono ndilumke malunga naloo nto. Ndiye ndathetha into engalunganga ngoko. Hayi. Konke ukunyaniseka, ungowendawo yakho yomsebenzi. Yabona? Musa. . . Ngoku, oko kulungile.

³¹ Kwaye namhlanje ndiye ndafumanisa ukuba ba. . . Bone intente. Bendilapha ezantsi eSixteenth naseHenshaw. Okanye, yiloo nto eyayiyiyo xana ndandise, ngapha e-Arizona, malunga namashumi amathathu anesihlanu eminyaka eyadlulayo, indlela yakudala emdaka. Ndaphumela phandle phaya apho babekho, kwaye yona yayiseSixteenth kunye neHenshaw. Ndaphila phaya kunye nabantu abathile, eFrancisco, kwaye—kwaye ngoku awunakuze uyazi kwaloo ndawo inye. Kwatshintshwa nkqu negama. Ndinga ukuba ibizwa ngokuba yiBuckeye Road ngoku.

Kwaye, owu, indlela izinto eziguquka ngayo, kodwa uThixo akanjalo.

³² Kwaye ke ndandingaphaya ndaza ndabona umzalwana enomhlangano wentente. Nomnye umzalwana ezantsi phaya lowo owayemise intente. Ndajikeleza ukuze ndibone ukuba ndinganokumbona, kodwa andizange ndambona naphi na, ukuze ndimxelela ukuba sasingazele apha ukwenza ukhuphiswano kunye naye. Kodwa, kukho abantu abaninzi kakhulu apha!

³³ Ndikhumbula uJack Shuler. Oku kungakuhle kuni bantu bamaWisile. Xana ndezayo apha ngaxesha lithile, ndandiseMadison Square Garden, uJack waye phandle apha ekwi—ekwisikolo samabanga aphakamileyo. Kwaye—kwaye ndambiza. Ndaza ndathi, “Mzalwana uJack?”

Wathi, “Ewe. Ingaba lo nguMzalwana uBranham?”

Ndathi, “Ewe.” Ndathi, “Ndibalekela kanye apha kuwe.”

³⁴ Kwaye wathi, “Hayi.” Wathi, “Hayi. Ndiye ndahlala nje ixesha elide kakhulu kwaye ndingene kwixesha lakho.”

³⁵ Kwaye ndathi, “Owu, ndiyaxolisa, Mzalwana uJack.” Ndathi, “Andizange. . .”

³⁶ “Ah,” wathi—wathi, “oko konke kulungile, Mzalwana uBranham.” Wathi, “Babefuna nje ukuba ndihlale.”

³⁷ Ndathi, “Owu, iqela lam aliyi kunikhathaza phandle phaya, nakanjani na, Jack,” Ndathi, “kuba phantse uninzi lwawo wonke awam ngamaPentekoste.”

Wathi, “Kakade, nawam angawo, nawo.”

Ndathi, “Ehe?”

“Ngokuba,” wathi, “ngokuqinisekileyo.” Wathi, “Ndingumpentekoste.”

³⁸ Ndathi, “Ngoku, kungcono ukuba ungamazisi uBob oko.” Ngutata wakhe, uyazi. Kwaye ungumWisile, naye, udyobhekile eboyeni, uyazi.

³⁹ “Ke,” wathi, “Mzalwana uBranham, awumazi ukuba uyintoni—uyintoni umPentekoste?”

Ndathi, “Ndicinga njalo.”

Wathi, “UngumWisile Woqobo.”

⁴⁰ Oko nje kumalunga nenyani, umWisile woQobo. Kunjalo oko. Ukuba ibandla lamaWisile laliye laqhubeka nomyalezo walo, ngelahamba laya kungena kwipentekoste. I—iBandla lokwenene lenjenjalo.

⁴¹ Hayi, hayi ukudela ihlelo lenu ngoku, mzalwana. Yabona? Ngokuba, ipentekoste ayinguwo umbutho. Bazamile ukuyenza loo nto, kodwa ngokuqinisekileyo basilele kuyo. Yabona? Ngamava. Ehe. IPentekoste yeyamaKatolika, okanye—okanye amaYuda, okanye nabani na lowo ofumana. . . IPentekoste ngamava, hayi umbutho.

42 Kwaye ngoku ukuba wonke umntu nineBhayibhile zenu zivuliwe, okanye zivaliwe, lowo ungathanda ukufunda kunye nam aMazwi ambalwa. Ndiyathanda ukulifunda iLizwi, aninjalo? Ngokuba, emva kwako konke, lonto endinokuyithetha ingasilela, ngokuba ndingumntu. Kodwa oko Akutshoyo akunakusilela. Yabona? “Amazulu nomhlaba ayakudlula, kodwa iLizwi laM alisayi kusilela.” Owu! Ingaba akumangalisi oko? ILizwi Lakhe alisayi kusilela. Yinto ezuke kangakanani leyo! ILizwi Lakhe alisayi kusilela.

43 Ngoku makhe sifunde ngokuhlwanje ukususela, size sitsale umxholo omncinci ukuphuma, oko endiya kukuthabatha ukwenzela itekisi, iNkosi ithandle. KukwiNcwadi ka-Amos, isiprofeto sika-Amosi. Kwaye waphila malunga namakhulu asixhenxe kunye...Ndicinga ukuba malunga namakhulu asixhenxe anamashumi asibhozo anesixhenxe eminyaka ngaphambi kokuza kukaKristu. Makhe sityhileni kwisahluko se-3 sika-Amosi, iLizwi leNkosi ngo-Amos. Kwaye ndi—ndiyayithanda le ndoda. Iqatshelwe njengomnye wabaprofeti abancinci, kodwa ngokuqinisekileyo yaineLizwi leNkosi.

Liveni eli lizwi elo uYEHova alithethileyo ngokuchaseneyo nani, Owu bantwana bakaSirayeli, nxaanye nayo yonke imizalwane endayinyusayo elizweni laseYiphutha, ndisithi,

Nini kuphela endibazileyo...yonke imizalwane yomhlaba: ngenxa yoko ndiya kunohlwaya ngenxa yabo bonke ubugwenxa benu.

Ingaba bangahamba kunye ababini, ngaphandle kokuba bavumelane?

Ingaba ingonyama ikha igqume na ehlathini, xana ingenaxhoba? Ingaba ingonyama entsha ingakhala na emhadini wayo, ukuba akukhonto iyibambileyo?

Ingaba ikha yeyele na intaka esibatheni emhlabeni, apho kungekho mgibe uyibekelweyo? ingaba ubani angathabatha umgibe emhlabeni, kwaye engathabanga nto konke konke?

Ingaba ixilongo lingavuthelwa na esixekweni, baze abantu bangoyiki? ingaba bungakho ububi na esixekweni, kwaye uYEHova engabenzanga?

Ngokuqinisekileyo iNkosi...ayikhe yenze nto, ngaphandle kokutyhila iimfihlelo zayo kwabayo abakhonzi abaprofeti.

Ingonyama iyagquma, ngubani na ongayikoyika? iNkosi uTHIXO ithethile, ngubani na ongayi kuprofeta?

44 Yanga iNkosi ingongeza iintsikelelo zaYo kula Mazwi.

45 Amehlo akhe amancinci kumele ukuba aye cuthekile, njengokuba ilanga elishushu lalikhazimla ngaloo ntsasa kwaye

libengezela intshebe yakhe emhlophe kunye neenwele zakhe, njengoko wayekwincopho yenduli esemantla kwaSamari waza wakhangela phezu kwesixeko. Iingubo zakhe gxebe bekuzezexabiso eliphantsi, neenyawo zakhe zinothuli. Wayengena nkangeleko kangako, kodwa wayeno-ITSHO INKOSI ngenxa yabantu.

⁴⁶ Ngongakanani umahluko namhlanje ukusuka kuvangelo lwalemihla yethu yangoku! Onjani umahluko womiselo olo esinalo, kunaye!

⁴⁷ Lo mfo omncinane, akakho omnye ingenguye u-Amosi, umprofeti wokwenyani weNkosi, ngeLizwi leNkosi, ngenxa yeso sizukulwana sinesono! Le ingenaloyiko, indoda encinane yaprofeta ngemihla kaYarobheham wesibini.

⁴⁸ UYerobhoham wayelumkile, elumke kakhulu, indoda esisilumko, kodwa wayengumquli wezithixo. Kwaye uYarobheham wabukhokelela encotsheni yabo ubukumkani bakhe, kodwa wayekunqulo zithixo. Wakwenza oko ngendlela engalunganga. Kodwa ubukumkani babunempumelelo phantsi kukaYarobheham.

⁴⁹ Kwaye, ngokwesiqhelo, impumelelo ibangela isono. Abantu abaninzi bajonga phezu kwempumelelo njengeentsikelelo. Kungaba yiyo, ukuba besinokuyiphatha ngendlela eyiyo. Kodwa ngokwesiqhelo ikhokelela esonweni, ihlazisa ngoThixo.

⁵⁰ Ubukumkani babanempumelelo ngomhla wakhe, nabantu. Wenza umanyano nezizwe zonke ezimngqongileyo.

⁵¹ Kwaye nendlela uSirayeli awayethe wakhukulisekela ngayo esonweni esoyikekayo, emkile wesuka kuThixo, emkile wesuka kwimiyalelo Yakhe nakwimimiselo Yakhe, kwaye wemka kuyo, ngokupheleleyo, enomsindo. Abafazi babehamba ezitalatweni, kwezabo ezintle, iingubo ezingandilisekanga. Amadoda ayehambahamba malunga, nokungcakaza nokusela. Izindlu ezisecaleni kwendlela, besinokuzibiza ngolo hlobo namhlanje, indawo zokuzonwabisa, zivuleke ngokubanzi esixekweni.

⁵² Isono sasingahoywanga lungiselelo, nje sibekwe ngokuphangaleleyo. Indawo entle, iziko elikhulu labakhenkethi, kwaye lalivulekile libanzi. Isono sasisongahlwaywa epulpitini. Sasikhululiwe sizenzela.

⁵³ Kwaye xana esi siprofeto savelayo, sabonakala ngokungathi asiyi kuba njalo... Besiya kuba yinto yokugqibela leyo ibiyakukha yenzeke. Ngokwalonto lo mprofeti awayitshoyo kubo, bekuyakuba yinto yokugqibela leyo enokukha yenzeke kubo, ngendlela awathi wasiqalekisa ngayo eso sizukulwana. Kodwa, nangoko, eminyakeni engamashumi amahlanu, ubukumkani babo batshatyalaliswa ngokupheleleyo emhlabeni.

⁵⁴ UThixo uthetha iLizwi Lakhe. Kwaye iLizwi likaThixo linje ngeMbewu. Kwaye xana Lihlwayelwe, xana loo mprofeti weza neLizwi leNkosi waza wathetha la mazwi, ayenyanzelekile ukuba enzeke, ukuba yayingaMazwi kaThixo. Xana i—iLizwi leNkosi lithanjisiwe, kwaye KuliLizwi leNkosi, Linyanzelekile ukuba lithabathe indawo yaLo ngexesha laLo.

⁵⁵ SinganokuLibona, emva kwamawaka eminyaka, lithabatha indawo yaLo namhlanje. Limelwe kukwenza oko, ngokuba LiLizwi leNkosi, kwaye Alisayi kutshabalala.

⁵⁶ Umntu othile wayethetha nam ngenye imini, waza wathi, “IGenesis ayilunganga, kunye neentsuku ezintandathu zendalo, ezo Awazitshoyo.”

⁵⁷ Ndathi, “UGenesis 1 ukuya (kuGenesis) 2 yinto eyahlukileyo ngokupheleleyo.” Isahluko sokuqala seGenesis sithi, “Ekuqalekeni uThixo wadala amazulu nomhlaba,” ixesha. Wakwenza njani oko, nokuba Wakwenza nini oko, oko kuxhomekeke kuYe. Ewe. Ngoko, “Ihlabathi lalingenasimo, kwaye lisenyanyeni,” ngoko siqalisa ukususela kanye phaya, endalweni. Kodwa, “Ekuqalekeni,” kude kangakanani, asazi. Zonke ezo mbewu ezo Awayenazo phaya xana amanzi asukayo, ubomi babuyela emhlabeni kwakhona, yawuzalisa umhlaba. Kwaye xana iLizwi likaThixo lihlwayelwe, akukho nto inokuLinqanda ekubeni lingenzeki.

⁵⁸ Kwaye lo mprofeti ungoyikiyo omncinci wavela apho kungaziwayo. Ekuphela kwento esayixelelwayo malunga naye, kukuba wayengumalusi wemihlambi. Asimazi nokuba uyise yayingubani na. Singamazi nokuba umama wakhe wayengubani na. Asazi nawuphi na umlibo wakhe wokuzalwa, akukho nto ngaye.

⁵⁹ Leyo ngokuqhelekileyo yindlela amadoda lawo athunyelwe evela kuThixo athi abonakale ngayo. Avela esuka apho kungaziwayo, aze anyamalale kwangalo ndlela inye. Asizange sibe nayo imbali ngaye, yokuba kwenzeka ntoni.

⁶⁰ Le ndoda enkulu uYerobheham, owaye na—namandla amakhulu engqondo, kwaye waye enesizwe esiphumeleleyo, nangoko, sikwisono.

⁶¹ Ndiyazibuza, ukuba besingenakho na nje ukufuzisela oko kancikane ngobu busuku kunye nelizwe lethu, isizwe ekusesethu, esonweni ngendlela esiyiyo. Nangoko, siphumelele, sizakufumana ukuphungulelwa kwirhafu, kanye ngoko, ndiva. Kakade, nabani na usenokufunda phakathi kwemigca phaya, unyulo luyeza. Kodwa, njalo njalo, zonke ezi zinto ezo eziqhubekayo.

⁶² USirayeli, abashumayeli, ababingeleli, norhulumente babelishiyile iLizwi likaThixo ngasemva, baza benzelela. Kwaye yiyo loo nto ilizwe lalikhwimeko leyo elalikuyo, nangona babenababingeleli abaninzi kangako, nabashumayeli abaninzi

kanye njengoko bakha baba nabo. Kodwa babelishiyile iLizwi likaThixo, bemka basuka kuLo. Kwaye kuhlala kungelo xesha kanye, apho uThixo athumela umntu othile ongaziwayo apho avela khona, ukuze abavuthulule babuyele endleleni yakhe kwakhona. Umntu othile ongenaloyiko uyakuvuka eneLizwi leNkosi abashukumise abantu ukuba babuyele eLizwini kwakhona.

⁶³ Bendisaqaphela nje apha. Bendibhale into ethile phantsi apha, leyo ebendingathanda mhlawumbi ndingathanda ukubhekisa kuyo kwakhona. Oko kukwisahluko se-2, umqolo wesi-4. Ndingathanda ukusifunda. Mamelani kulo mfo mncinci ethetha oku.

Utsho uYEHOVA; Ngenxa yezi zikreko zithathu zakwaYuda, kunye...nezine, Andisayi kusijika isohlwayo ngenxa yoko; ngokuba bewudelile umthetho kaYEHOVA, baza abayigcina imiyalelo yakhe, baza ubuxoki babo babangela ukuba baphazame, ngokwendlela abathi ooyise bahamba ngayo:

⁶⁴ Yabona apho umyalezo wakhe wawukhona? Ewubuyisela kanye emva, ukuba babemkile eLizwini likaThixo. Kuye nawuphi na umfundi weBhayibhile, oko kukwenza wazi ukuba wayengumprofeti wokwenyani. Wababeka ebabuyisela kanye eLizwini, apho babewe besuka khona.

⁶⁵ Owu, mhlawumbi iicawa zabo zazinempumelelo. Kusenokwenzeka ukuba zazinezakhiwo ezintle. Isixeko sabo mhlawumbi sasinobuhle ngakumbi kunePhoenix. SasikwaSamari, njengoko sonke sisazi, yayiliziko elikhulu labakhenkethi. Nkqu nangoku, siseyindawo entle.

⁶⁶ Kodwa, nangoko, babemkile kuThixo. Kwaye uThixo wathumela lo mthunywa kubo. Onjani wona umyalezo wenkalimelo ovela kuThixo! Lo mprofeti mncinane wabakhupha.

⁶⁷ Ngoku, u-Amos weza ephuma entlango, ukuya kwisixeko sobukhazikhazi. Akumangalisi amehlo akhe amancinci awayewanikwe nguThixo ayecuthekile njengoko wayenyukela encotsheni yenduli. Yena . . .

⁶⁸ Kungenje ngaxana umkhenkethi ebenokwenza, manenekazi, ukuthi, “Khangelani kuzo zonke izinto ezithengwayo abafazi abazenzayo. Khangelani izimbo ezitsha abanazo ezantsi apha,” okanye hayi njengokuba amanye amadoda ebenokucinga, “Iindawo zokungcakaza, na njalo njalo, zazinkulu kakhulu esixekweni,” okanye ngenxa yokuba babenokuhlala ezimbombeni zesitalato baze babukele ukudlula kwesinye isini, inkanuko.

⁶⁹ Kodwa lo mprofeti, amehlo akhe acutheka ngenxa yesono eso awasibonayo esixekweni. Akazange acutheke ngenxa yezinto ezo awayezincoma, kodwa ukuba abone indlela le ababekude

ngayo besukile bemka kuThixo, abantu abo ababebiziwe baza bakhethwa. Ingaba uqaphele apha? Wathi, “Andibazi abanye abantu ngaphandle kwenu. Ndanikhokela naphuma eYiphutha, naza ngoko nahamba nemka kuM ngolo hlobo.”

⁷⁰ Kwaye xana lo mprofeti, evela ekwaluseni emva phezulu kwelasesantla, eneLizwi leNkosi, indlela awathi wakhangelana ngayo phezu kweso sixeko. Kumele ukuba wawosula ewubuyisela emva umbilo. Iimpahla zakhe zazirhabaxa. Kwaye mhlawumbi kungekho mali yaneleyo yokuhlawulela i—igumbi ngobo busuku. Oko akuzange kwenze nawuphi umahluko kuye. Wayenomyalezo lowo owawuvutha entliziyweni yakhe, kwaye kwafuneka ukuba awuzise ngaphambili. Hayi oko kuphela, kodwa intambiso yoMoya oyiNgewele leyo eyambethayo phandle entlango phaya, yayiwavalile amehlo akhe kubukhazikhazi behlabathi.

⁷¹ Kwaye nawuphi na umkhonzi othanjisiweyo kaKristu, amehlo abo amfanyekisiwe kwizinto zehlabathi. Abaziboni ezo zinto. Abakhangelani nazo. Banento enye abanayo: uKristu uphambi kwabo. Yiloo nto kwaphela abayibonayo. Aboyiki nantoni na. UKristu uphambi kwabo. UMyalezo umelwe kukuba usiwe ebantwini, kwaye abemi nakwintoni na. Awunakuze uWutshise uphume kubo. Usenokubafaka ejele, entolongweni, nantoni na oyifunayo. Baphuma kanye kuyo kwakhona. Abo ngabathanjiswa beNkosi. Ewe.

⁷² Wakhangelana phezu kokubola kokomoya esixekweni, ukuziphatha okubi, nokubola kokomoya esixekweni.

⁷³ Ndiyazibuza ukuba bangaphi na abakhonzi beNkosi, abanqumla ukuhla phezu kwentaba phezulu apha, abanokukhangelana phezu kwePhoenix? Nize apha ngenxa yobukhazikhazi, nokukhanya kwelanga, nokuphumla, esingenako ukuthetha lula ngako oko.

⁷⁴ Apha kungekudala kwithuba elidlulileyo, kwixesha elidlulileyo bendilapha, ndihleli phezu kweNtaba yaseMazantsi, inkosikazi yam ihleli emva phaya, ndandithetha kuye. Ndathi, “Malunga namakhulu amathathu okanye amane eminyaka eyadlulayo intlambo yayiyindawo entle, akukho mathandabuzo, xana uMlambo iSalt River wawubaleka apha, kunye neengcuka, na njalo njalo, nokuntshula kweentyatyambo zomthi onameva. Khangelana indlela oko...Yonke into iphela yaba yingxubakaxaka yesono.”

Kwaye wathi, “Ke, ngoko yintoni ekuzisa apha?”

⁷⁵ Ndathi, “Nantsi into endizisa apha. Nangona nkqu sisebumnyameni kunye nesono eso esiphakathi kwesixeko, kukho ubungqina obuthile beNkosi, imifanekiso ephilileyo kaKristu, ezantsi phaya. Ndize kufaka igxalaba kunye nabo, ukuze sikhazimlise ukuKhanya kweVangeli. Abanye baba bazalwana bancinane badala ezantsi phaya embombeni

yesitalato ndaweni ithile, bakulungisa oko, kwaye babulaleka ngenxa yaso, baza balila kwaye bathandaza ngaso, benomyalezo entliziyweni yabo. Ndize ukuba ndiphose inxalenye yam kunye nabo, ukuze sikhazimlise ukuKhanya okungakrexezwanga kweVangeli kaYesu Kristu ukuya kwindawo enkulu kamasipala wesi sixeko sasePhoenix.”

⁷⁶ Kuyo, nangona, ibinokuba yindawo emangalisayo; ukuba umntu ebenokuthabatha nje impumelelo yakhe leyo akwazileyo ukuyenza, ukwakha amakhaya amahle njengaphezulu kwiNtaba yeCamelback, iNtaba yeCavalier. Njengoko bendidlula phaya, ngokuba, kumashumi amathathu anesihlanu eminyaka eyadlulayo, leyo yayiyintlango. Sasileqa ama-esile phaya sikhwele amahashe. Kwaye nangaphaya kweNtaba eMazantsi apha, sileqa ama-esile kunye namahashe.

⁷⁷ Kwaye ngoku sele iyindawo enkulu kamasipala wesi sixeko sikhulu simangalisayo. Sikhula ukuya kumashumi amawaka aphindwe ngamawaka. Soluliwe, kude kube ngoku ukubola kwezixeko zaso kusizisa kwisiphithiphithi. Umsi omnyama ungena kuso. Ukufuma kwenu kubi njengokuba kunjalo eJeffersonville, e-Indiana, kwiNtlambo yase-Ohio. Ukunkcenceshela...Umntu usoloko elingcolisa ihlabathi. Xana laliphethwe ngamaNdiya, laliyindawo entle. Kodwa xana umntu omhlophe wangenayo, wazisa izonu zakhe, notywala, nokuziphatha kakubi. Kwaye uye wayingcolisa imihlaba yade yangabi nto ngaphandle phantse kwechibi lokungcola. Enjani yona into ukukhangela kuyo! UThixo uya kuyisusa phezu kobuso bomhlaba, ngolunye lwezi ntsuku.

⁷⁸ Kwaye Unyula abantu, ngobulungisa, abo abaya kulawula phezu komhlaba, njengokuba Eya kube elawula njengoKumkani. Ngoku uthabatha abantu Bakhe ukwenzela iGama Lakhe, abantu bobuKumkani Bakhe.

⁷⁹ Ngoku, ingaba eli lilumkileyo, likrelekrele, elinobulumko iqela lakwaSirayeli, omkhulu waso, onamandla, umongameli oyingqondi, okanye, ukumkani, uYarobheham, owayeyindoda elumkileyo, kwaye, babeya kumva lo omncinane, umprofeti ongaziwayo? Ingaba lo myalezo mkhulu, lowo uvuthayo entliziyweni yakhe, ingaba ubeya kubanako ukuhamba ezitalatweni, kwaye abantu babeya, abafazi babeya, kuzinxibisa kakuhle kwakhona, amadoda ayeyakuzishiya izirhoxo neendawo zesono, baze baguqukele kuThixo ekushumayeleni kwalo omncinci, umfo ongaziwayo? Lowo yayingumbuzo onokuthi qatha engqondweni yakhe, okanye uyayenza kweyam, xana ndimbona emi phaya, kwaye eyakhe encinci, intloko enempanzela ibengezela elangeni. Intshebe yakhe engwevu ijingela edyasini yakhe. Ejonge ezantsi kanye phaya, kwaye ekhangele phezu kweso sixeko, kwaye amehlō akhe ecuthekile, nentliziyweni yakhe ibetha.

⁸⁰ Kwaye nangoko, khona phaya, wabona ubuKumkani bukaThixo, obo bufanele bumiselwe phaya, bonke besindiwe esonweni. Kwaye ngokukhalimela okuvela kuThixo, lowo owayeya kukhalimela ukususela kukumkani ukuya kumngqibi esitalatweni, wonke umbingeleli, umshumayeli, ukumkani, igunya, ukumkani, nantoni na awayeyiyo, wayenesiqalekiso sikaThixo ukuba asibeke phezu kwabo. Ngokuba bona... Ubucinga ukuba babeya kumamkela. Owu, ingaba babeya kumqonda?

⁸¹ Khumbulani, wayengena sincomo. Weza ngokwahlukileyo kubavangeli bethu banamhlanje. Waye ngenasincomo ukusuka kubabingeleli. Babengazi nokuba lomfo waye ngubani na. Kodwa wayekho Lowo wayemazi ukuba wayengubani na. Lowo yayinguLowo owayemthumile. Yiloo nto kuphela ethethayo, kuye, okoko nje wayesazi apho wayethunywe evela khona. Umyalezo wakhe wawumelwe kukuba uphume uqhubele phambili nje ngokufanayo, kwaye nokuba kunjalo.

⁸² Wayengenaziqinisekiso zobuhlelo zakumxhasa xana wayengena esixekweni, ukuza kumbutho wabalungiseleli, athi, "Bazalwana bam, ndithunyelwe leli qela lithile, eli qela lenkolo. Ndingowabathile thile." Wayengenako oko. Wayengenayo nanye yezo zinto. Ebengenalobudlelane elibonisa ukuba wayekhe wema kubudlelane obulungileyo kunye nombutho wabalungiseleli belizwe avela kulo. Wayengenantsebenziswano kwiphulo lakhe. Akazange nkqu abuze nabani na malunga nalonto.

⁸³ Loo mfo omncinane wayemi kwindawo enzima. Kwakuya kuyanela londoda ukujika ibuyeke umva, ize ithabathe umhlambi wayo kwakhona, ithabathele ukususela kuloo ndawo ibeyeke kuyo, ukuba yayithe nje yacinga.

⁸⁴ Kodwa, uyabona, lo ndoda ayizange ithabathe ingcinga yesibini. Ayizange icinge nangaziphi na iziqinisekiso, okanye icinge malunga nekhadi lobudlelwane. Yayicinga malunga nento enye kuphela, kwaye leyo yayiliLizwi leNkosi. UThixo wayeLinike yona ngomyalelo, wokuba imelwe iye ngaphaya ize iprofete. Yiloo nto kuphela eyayisenza nawuphi na umahluko kuyo. YayineLizwi leNkosi, kwaye ke ngoko yaziva ingenasidingo saziqinisekiso, okanye nasiphi na isincomo, okanye nayiphi na intsebenziswano. Ekuphela kwento eyayiyiswele, yayiyi, yayinentsebenziswano noThixo, kwaye yayi yilonto kuphela eyayifuneka. Okoko nje yayikwintando yeNkosi, kwenza owuphi umahluko oko? Okoko nje yayisazi ukuba umyalezo wayo wawuvela kuThixo, uThixo wayeya kuwungqinela loo myalezo. Wayemelwe kukwenjenjalo.

⁸⁵ Kwaye xana yawuzisayo umyalezo, kwabonakala ngokungathi kuyakubakho bonke ababingeleli, nabashumayeli, kwaye abaprofeti beso sigaba, babeya kungena baze baguquke,

ngenxa yokuba babeya kube beyibonile imeko yaloo ndawo, bekubonile ukonakala kokuziphatha kakubi. Kodwa xana yaqalisayo ukuprofeta ngeLizwi leNkosi, Lalingaqhelekanga kubo. Babengazi kwanto malunga naLo.

⁸⁶ Ngumfanekiso waloo mhla namhlanje. Aliqhelekanga, umyalezo weNkosi! Ibandla alazi kwanto malunga nawo. Xana besiva abantu bephakama benikela umyalezo ngeelwimi ezingaziwayo, baze banike ingcaciso kuwo, baze bathi into ethile izilungiselela ukwenzeka, abantu bajika iintloko zabo baze bemnke; becinga ukuba abantu baphambene. Babona umntu othile ephakama ekuMoya aze aprofete, okanye anikele umyalezo ovela eNkosini, ngokuba, abantu benkonzo yehlabathi namhlanje bacinga ukuba abantu balahlekelwe yingqondo yabo. Akuqhelekanga kubo, ngokuba bamalunga nemeko efanayo, namhlanje, njengoko iSamari yayinjalo ngaloo mhla.

⁸⁷ Kodwa, khumbulani, xana izizwe zifika, okanye ibandla likaThixo lifika kuloo meko, UThixo wayenako ukuvelisa umprofeti oneLizwi leNkosi kubo. Ngokuqinisekileyo.

⁸⁸ Babelilibele, kwixesha elide eladlulayo. Kodwa bafanele ukuba bakhumbule, kungakhathaliseki nokuba babeya kukhangela kwiincwadi zabo, kwaye babone ukuba babenaye na umfo ophuma kwezinye zezikolo zabo, ogama linguGqr. U-Amos, okanye hayi. Babefanele ukuba bakwazi oko, ukuba, “UThixo ka-Abraham wayenako kuwo la matye ukumvelisela abantwana, okanye abaprofeti, ukuze bazise iLizwi Lakhe.”

⁸⁹ Kwaye kwaloo Thixo mnye usenako kanye ngokuhlwanje njengokuba Wayenjalo ngoko. Kwaye uyakuba njalo, ngokuqinisekileyo, yayikukungaqondi kakuhle kubantu. Unako ukuvusa amadoda, athambise amadoda, ukuze azise iLizwi Lakhe. Unako ukulibeka iLizwi endodeni, ayithumele, aze angqine ukuba UnguThixo, ngaloo mntu lowo uya kuzithoba aze azinikele ngokwakhe kuThixo, aze angoyiki ukuthabatha uThixo eLizwini Lakhe. Unako ukuyenza lonto, kwaye Uyakuyenza lonto. Wathembisa ukuba Uyakwenjenjalo.

⁹⁰ Kwaye aMazwi Akhe, kakade, ayengqinelwe kubo ngaloo mhla. Ngokuba, ngeloo lixa eso sizukulwana sasisekho, konke oko u-Amos waprofetayo ngako kwenzeka.

⁹¹ Ndiyazibuza namhlanje, ngoku, ukuba u-Amos ubenokuza kuthi, besiyakumamkela namhlanje? Ingaba iPhoenix ibiyakumamkela u-Amosi? Ukuba ndaweni ithile ukunqumleza intaba apha, ndaweni ithile, okanye ezantsi ukusuka kwindawo ethile yelizwe, kweza omncinane, umfo onxibe ezirhabaxa ngolo hlobo, ukuza kungena apha aze abizele abalungiseleli kulungelelwano, kwaye athi, “NdineLizwi leNkosi,” ucinga ukuba besiya kumamkela? Ngokuqinisekileyo hayi.

Into yokuqala ebesiyakumbuza yona, “Leliphi iqela okulo?”

92 Kwaye kuthekeni ukuba ubeya kujika, athi, “Kwiqela laseZulwini”? Oko bekuya kuba luhlobo lwento engaqhelekanga kuthi, ndinoloyiko.

93 Kodwa yiloo ndlela eya yiyyo ngoko. Kwaye mhlawumbi isenokuba ngendlela efanayo namhlanje ukuba u-Amos angeza embonisweni.

94 Makhe, nje ngenxa yento endiyithethileyo, ndimzise apha, nje imizuzwana ibe mbalwa, kwaye sibone into esicinga ukuba ubeya kuyenza. Uyazi ukuba ubeya kwenza ntoni? Ndiyakholwa ukuba ubengayi kuvumelana nomiselo lwezinto zethu zonke. Ewe, mhlekazi. Ubengayi kuvumelana neemfundiso zethu zobuhlelo. Ubeya kuwagweba amaWisile, amaBhaptizi, amaRhabe, amaLuthere, amaKatolika, namaPentekoste. Ubeya kuyingenisa phakathi yonke loo nto. Ngokuqinisekileyo ubeya kwenjenjalo. Ubengayi kuvumelana neemfundiso zabo zobuhlelo. Ubeya kuya ngqo kwisiseko esisi siseko seLizwi, aze aqalise kanye eLizwini. Ubeya kuqalisa iphulo lakhe phezu ko-ITSHO INKOSI.

95 Ngokuba, ngokuba, ucinga ukuba iPhoenix ibiya kumamkela? Ucinga ukuba iLouisville ibiya kumamkela; iNew York, iBoston, iMassachusetts, okanye naphi na apho kunokuba khona, eCalifornia? Hayi, mhlekazi. Baya kumfaka entolongweni umfo omncinane ngokukhawuleza kangangoko bangabanako ukumfaka phaya. Ngokuqinisekileyo bebeya kwenjenjalo. Ngokuqinisekileyo bebeya kuyenza loo nto. Ukuba ubuyele emva eLizwini, ndiqinisekile ukuba bebeya kwenjenjalo, kuba lonke iqela belingayikuvumelana naye. Bekungayi kubakho namnye oyakuvumelana naye, kuba babefanele ukuba babambelele kwizithethe zabo ukuze bangavumelani kunye neLizwi.

96 Kuyafuneka sikhumbule ukuba ungumprofeti wenene. Ukuba waye njalo, kwaye ukuba wayengumprofeti owayethunye evela kuThixo, ubeya kuba luphawu olunye kuye, lube lunye uphawu oluqinisekileyo olo saziyo ngalo ukuba ungumprofeti: ubeya kuhlala kunye neLizwi. Kuba, kulapho iLizwi likaThixo leza khona, yayikubaprofeti.

97 Uyazi ukuba yintoni ubeya kuyenza? Ubeya kusiqhushumbisa aze asigwebe esi sizukulwana. Ubeyakugweba wonke umfazi onqothule iinwele elizweni. Ubeya kumgweba wonke umshumayeli wehlelo. Ngokuqinisekileyo ubeya kwenjenjalo. Ubeya kumgweba wonke umtshayi womdiza, wonke umfazi lowo owayenxiba iibhulukhwe ezimfutshane okanye iibhulukhwe. Ubeya kubakrazula kubini. Ngokuba? Oko kuchasene neLizwi. Kunjalo kanye.

98 Ucinga ukuba besiya kumamkela? Hayi konke konke. Bebengekhe bamamkele.

⁹⁹ Ubeya kugweba ukuziphatha kakubi kwecawa. Ubeya kushukumisa loo mnwe mdala ushwabeneyo ebusweni babo bashumayeli aze athi, “Nifuna ukundixelela ukuba nizibiza ngokuba ningumkhonzi kaThixo othanjisiweyo, nize nime epulpitini nivumele abafazi benu banxibe ngokukhanukisayo phakathi kwamadoda enu, kunye nezinto ezilolo hlobo? Nivumele abafazi benu abaselula baphakame ngolo hlobo? Niyakuvumela amadoda enu ukuba atshate kabini okanye kathathu, aze abe ngamadikoni emabandleni? Nifuna ukundixelela ukuba niya kubambelela kobo bungqina ninabo esandleni senu, nize nilijikele ecaleni iLizwi likaThixo?” Owu, bethu! Ubeya kuyiqhushumbisa loo nto. Ewe, mhlekazi. Ukuziphatha kakubi kwebandla, nokuziphatha kakubi kwamalungu, ubeya kuyiqhushumbisa lonto. Bethu! Lonke ilungu, ubeya kulidiliza. Yonke imfundiso eyenziwe ngumntu yesikolo sakwalizwi, ubeya kuyikrazula loo nto ibe zizinqwenga.

¹⁰⁰ Ngoku, ubunokuyamkela indoda elolo hlobo? Hayi. Babengenakuze bayenze lonto. Ngokuqinisekileyo babengekhe bakwenze oko. Babeya kumkhuphela loo mfo ngaphandle kwedolophu ngokukhawuleza kangangoko babenako. Ngokuba, umbutho ubuya kuhlangu ndawonye, kwaye uthi, “Yitsho, kufuneka ukuba senze into ethile malunga noku. Xelela ibandla lakho ukuba lingayi phaya ukuya kumamela okuya.” Hayi. Hayi. Besingayi kumamkela, nangayiphi na indlela, besingayi kumamkela. Ngokuqinisekileyo. Abakwazanga kuyenza lonto.

¹⁰¹ Mphulaphuleni eqhushumbisa. Owu, ndiyayithanda ke apha. Ndiyongxe kanye phantsi kuloo nto awayitshoyo. Wathi, “Kwayena loo Thixo nibanga ukuba niyamnqula uyakunitshabalalisa.”

¹⁰² Ubeya kutsho kwaloo nto inye namhlanje. Thina maMelika sizijjele ngolona hlobo kwizinto ezininzi ezintle, ezingako izakhiwo ezinkulu, kunye namanani amakhulu kwimibutho yethu, nalo lonke olu dumo luhle, kunye nabalungiseleli besikolo sakwalizwi abaqeqeshelwe ukuthula bangathethi kwanto malunga noko, ngokuba besoyika ukuba bayakugxothwawa ebandleni. Ngokuqinisekileyo. Ubeya kuyiqhushumbisa loo nto ibe zizinqwenga, kuba ichasene neLizwi. Ngokuqinisekileyo ubeya kwenjenjalo. Kwaye kwa lo Thixo sibanga ukuba siyamkhonza uya—uyakuyitshisa le nto iphele, ngolunye lwezi ntsuku. Uya kuyiqhushumbisa ibe zizinqwenga.

¹⁰³ U-Amos ubengayi kuwatshintsha amazwi akhe, ukuba ube elapha namhlanje. Hlala kanye ubuyele kwiLizwi! Owu! Yintoni? Phulaphula kuye ebaxelela phaya, “UThixo wanithanda. Wanikhupa. Wanenza abantu abanyuliweyo.”

¹⁰⁴ Bendingathanda ukumva kwinkonzo yamaPentekoste ngelinye ixesha. Niyakholwa ukuba ungu-Amos, mhlawumbi niyakusuka emva kwam ngoko, okwethutyana. Yabona?

Ewe, ubeya kubaxelela. Ubengasayi kubuya mva. Ubeya kuyiqhushumbisa nje kalukhuni kangangoko anako, aze abaxelele apho basilele khona eLizwini.

¹⁰⁵ UThixo lowo owanikhupha kwezi zokuzenzela zabantu, iindawo zokungcina izidumbu ezenziwe ngabantu, kwiminyaka eyadlulayo! Kumashumi amahlanu eminyaka eyadlulayo, ootata benu noomama baphuma kwezi nkqubo ezo ezazibabophile zaza zangenisa ihlabathi kubo. Kwaye uThixo wathumela inceba Yakhe ezantsi kwaye wanibizela ngaphandle, kude nesono kunye nezinto ezo—ezo zazisebandleni. Kwaye ngoku nibuyele emva kanye kulonto, njengoko iSafari yenzayo. Ukuba, uThixo wabakhupha ukusuka kuloo mazwe, baza bajika kanye babuyela umva baza benza umanyano kunye neloo lizwe, sinjani namhlanje, kwaye sizama ukukhuphisana naloo mahlelo makhulu eecawe. Sakha izikolo ezakha zazikhulu. Yintoni? Asiswele zikolo zinkulu. Zonke zilungile; Andinanto ndinayo yakuthetha ngokuchaseneyo nalonto.

¹⁰⁶ Kodwa ngalo lonke ixesha elo uthabatha umseki okanye inkokheli leyo iphumayo ngomhla wayo, ke, iyakwenza okulungileyo ngomhla wayo, kodwa, nje yakuba imkile, ngoko baya kwakha umbutho phezu komsebenzi wayo. Ngoko bayakufumana igquba looRicky abancinci phaya, noo-Elvise, kwaye, into yokuqala uyazi, bayayijija loo nto bayenze ukuba ilungele bona. Kwaye ngoko lo *omnye* uyeza aze afake into ethile engenye, ngokuba engumfundi okrelekrele omkhulu ovela eHarvard ndaweni ithile, okanye into ethile. Kwaye into yokuqala, baqalisa ukufaka *oku*, baze bakhuphe *Oku*, baze bathi *Oku* bekungathethi *okuya nokuya*. Ubuyele kanye kwindlela efanayo endala kwakhona. Ewe.

¹⁰⁷ Ukuba u-Amos ubelapha, ubeya kuqhushumbisa loo nto kanye ibiya ukuya ngqo emhlabeni. Akazange akhe iphulo lakhe phezu kokuba zingaphi iicawe awayenokuzifumana ukuze zisebenzisane naye. Ubengenakuze akhe ibandla lakhe phezu kombutho othile okanye iindawo ezithile zamahlelo eecawe. Into awayeya kuyenza, wayeyakwakhela iphulo lakhe phezu ko-ITSHO INKOSI. UThixo ubeya kumxhasa njengoko Wayehlala esenza, engqina ukuba oko kulungile. Wathi, “Kukho inkathazo. Kukho iziphithiphithi ecaweni yenu.”

¹⁰⁸ Ubeya kuthini namhlanje? Yintoni ebeya kuyitsho ngela Lizwi likaThixo lixhonyiwe apha phambi kwethu? UTimoti weSibini 3, apho Yathi, “Baya kuba ngabathiwe lwale, likratshi, abathandi beziyolo kunokuba bathande uThixo; abangenatarhu, abatyholi, abangena kuzeyisa, abenyelisi babo bazama ukuphila ngendlela elungileyo; benokumila kokuhlonela uthixo, kodwa baya kuwakhanyela amandla ako.” Nicinga ukuba umprofeti angavuka embonakalweni aze asigqithe eso siprofeto?

¹⁰⁹ Uya kuthi, “Sizalisekile emehlweni enu kulo mhla,” indlela

ibandla ebeliya kuba koma ngayo, kunye nendlela ebeliya kwenza ngayo izinto. Ubeya—ubeya kuzisa kwinkumbulo loo Mazwi kaThixo. Ubeya kuzisa kwinkumbulo yenu lonto uThixo awathi Uyakuyenza ngalo mhla, ukuba u-Amos angavuka embonakalweni. Hayi kuphela oko, kodwa uThixo ubeya kukungqina, ngo-Amos, lonto Awathembisa ukuyenza kulo mhla. Ngokuqinisekileyo. Ubeya kwenjenjalo. Wakwenza oko ngaloo mhla. Usoloko ekwenza oko. Ngokuqinisekileyo.

besingayi kumamkela u-Amos ukuba ebenokuvela embonakalweni.

¹¹⁰ Ngoku, njani, “Eso simo obuthixoo uThixo,” bemi phaya kwi—kwiikwayala, kwaye—kwaye macala onke, ezinkulu iikwayala ezineengubo ezinde, zize—zizezicule njengeeNgelosi; kwaye zixhentse, kubusuku obulandelayo, banjengeedemoni. Kunjalo oko. Yabona? Leyo yinyaniso kanye. Abanye baphuma nezinkulu, benxibe iingubo ezinde, ezikhangeleka ngokungathi zintyatyambo ngolo hlobo, baze bakhangeleke ngokungathi baluhlobo oluthile lweSiqu sobungelosi; baze bame phaya phezulu baze bakhanyele iLizwi, njengokuba nawuphi na umoya ongcolileyo unokwenza. “Benesimilo sobuthixo, ukanti bayawakhanyela amandla ako.” Baya, kuthetha ngobhaptizo loMoya oyiNgcwele, bona, ngokuba, uya—uyakukugxotha uphume enkonzweni. Yabona? Ngokuba? Unyanzelekile. Kodwa bayakuma kwezi cawe baze bavumele amalungu abo, kwigumbi elingaphantsi, benze ukuzibhijabhija kunye ne-rock-and-roll.

¹¹¹ Kwaye neyethu ebizwa ngokuba yi-Y.M.C.A., ndiyazibuza ukuba ingaba laa C umele ntoni. Hamba uye kubo, awukwazi nkqu nokuva nantoni ngaphandle kweGama leNkosi i... Ingaba lowo nguMbutso Wokuqalekisa Wabafana?

¹¹² Ndahlala, kungekudala kwixesha elidlulileyo, kwihotele, ndandinga phesheya kweY.W.C.A. Kwaye yayilhlazo ukubona loo mantombazana mancinci phandle phaya emgangathweni, kwade kwaba malunga nentsimbi yethoba, bezama ukwaphula imilenze yabo, besenza ukuzibhijabhija. Kunjalo oko. Kwaye nawo onke, amalungu ecawe, acula ezikwayaleni, nabafundisa isikolo seCawe. Akuyo nto ngaphandle komtyholi, befundisa abo bantwana bancinane phandle phaya emgangathweni, inkqubo leyo eyenziweyo, ebizwa ngokuba yinkolo. Ngokuqinisekileyo. Umprofeti wokwenene ubeya kuyiqhushumbisa loo nto kanye ibuyele emva kumsi wesihogo apho yaqala khona. Ngokuqinisekileyo yinyani.

¹¹³ Ucinga ukuba u-Amos wayenokuma eqongeni aze ashumayele iVangeli, kwaye akhangele phezu kwegquba labafazi abanqothule iinwele aze angaligwebi? Ucinga ukuba ubengenakuze acaphule u-Isaya 5, nabaseKorinte bokuQala 14? Kwaye, owu, ubengena—ubengena kukuthulula oko? Ngokuqinisekileyo. Ubeya kwenjenjalo. Ehamba

ukuhla ngezitrato aze abone abafazi benxibe ezi mpahla zincinci, bejongeka njengamadoda, zibabambile kakhulu kangangokuba ulusu lubonakale lungaphandle, phantse; besihla, bezibhijabhija, bezijija, behamba ngolo hlobo, besenza ingxolo, kwaye ucinga ukuba indoda kaThixo ibingekhe ime epulpitini ize iqhushumbise loo nto? Xana, inqabile kakhulu ukuba kukhe kuthethwe ngayo, ngokuphuma epulpitini. Kwaye apho kukwiinkonzo zamaPentekoste, kanaanjalo. Oko kunjalo kanye. Bekungayi kwenza mahluko ku-Amosi. Uh-huh. Abanye... Bekuya kuba nguye oya kuyitsho lonto. Ubengayi koyika, kuba wayethanjisiwe yiNkosi. Kwaye ukuba ubeno-ITSHO INKOSI, bekuya kufuneka ukuba kube liLizwi leNkosi.

¹¹⁴ Weza kwaSamari, hayi ukuya kujonga ubukhazikhazi babo, ukubala ukuba mingaphi na imibutho, nokuba mangaphi na amanani ababenawo.

¹¹⁵ Njengoko ndatshoyo ngobunye ubusuku, kubonakala ngokungathi, namhlanje, icawe iphela yokhelwe phezu kwawo, eyona nto iphambili phakathi kwabazalwana namhlanje, becawe, nga, "manani, amanani," omnye ezama ukodlula omnye. "Amanani!" UThixo akabali manani. Ubala izimilo. Isimilo yiloo nto uThixo afuna ukuyifumana, umntu othile Anokubeka izandla Zakhe kuye, umntu othile oyakuma ngxi ixesha elide ngokwaneleyo.

¹¹⁶ Njengoko besitshilo, "Izigqibo! Unyaka wonke, siye sabanezigqibo *ezininzi kakhulu.*" Lawo *ngamatye*, "izivumo." Kwaye yintoni elungileyo ngelitye ngaphandle kwengcibi yamatye ngeLizwi elibukhali likaThixo, ukumgawula ukuba abe ngunyana kaThixo, okanye intombi kaThixo, ize imbeke eBandleni apho ahlala khona? Ukuqengqa amatye akusayi kusenza isakhiwo. Kufuneka uwasike wona uze uwabumbe.

¹¹⁷ Sidinga amadoda namhlanje, amadoda athanjisiweyo, njengokuba u-Amos wayenjalo, lawo ayakulisusa ihlabathi limke kuloo mfazi amenze intombi kaThixo, anqumle elo hlabathi limke endodeni. Kungakhathaliseki nokuba bangaphi na abathenjwa abamphosele ngaphandle, okanye nantoni na engenye, uyakuma ku-ITSHO INKOSI. Ewe.

¹¹⁸ Besingekhe simamkele u-Amos, andicingi, ngolu hlobo. Ucinga ukuba u-Amos yintoni ebeya kuyenza xana engena kwicawe yamaPentekoste anamhlanje, abanga ukuba akhokelwa nguMoya oyiNgcwele, aze abone kwaloo nto inye kwicawe yamaPentekoste lawo abanga ukuba akhokelwa nguMoya oyiNgcwele? Ndiyazibuza. Ngoku, singathetha malunga namaBhaptizi, namaWisile, kunye namaLuthere, kodwa, xana kusiza emnyangweni wethu omdaka, ngoko kuthini malunga noko? Sisukile semka eLizwini likaThixo! Kukho into ehambe ngokungalunganga, ndaweni ithile. Kunjalo kanye oko. Ehe. Bayeza kwaye benze zonke ezi zinto zahlukeneyo, baze

babange ukuba bakhokelwa nguMoya, baxhentse bekuMoya, ngamanye amaxesha nkqu bathethe ngeelwimi.

¹¹⁹ Ndiyakholelwa ekuthetheni ngeelwimi. Ndiyakholelwa ekuxhentseni kuMoya. Ndiyakholelwa ekukhwazeni. Kodwa kukho okuninzi kakhulu okuhambisanayo noko. Kunjalo oko. Niyazenza zonke ezo zinto, nize nikhanyele iLizwi, ngoko kukho undonakele ndaweni ethile, nifumene umoya ophosakeleyo. Uhuh. UThixo akabakhokeleli abantu Bakhe kwizinto ezinjalo, nakanjani na. Hayi. Akakwenzi oko.

¹²⁰ Ndinga ukuba lixesha nje malunga nokunye ukuphuma kwethoko, elinye iTheko leTi yaseBoston, njengokuba besinganokutsho. Icawa idinga elinye. Ifuna ukucocwa kwenene okulungileyo.

¹²¹ Xana, uJoan wase-Arc, kwimihla eyadlulayo, icawe yamaKatolika yaphoswa kukumazi ukuba waye ngongcwele xana waye sadla ubomi, ngokuba wabona imibono, wayenokutolika amaphupha, umfazi ozaliswe nguMoya. Kwaye uThixo wasebenzisa elo nenekazi elincinane. Kwaye bacinga ukuba waye ligqwirha. Kwaye bamtshisa esibondeni, njengegqwirha. Niyakwazi oko. Abapristi bamaKatolika bakwenza oko ngokwabo. Amakhulu eminyaka adlula, baza bafumanisa ukuba waye ngongcwele. Ngoko, xana babeya kumenza ongcwele, kwafuneka ukuba benze inguquko. Ke bayomba loo mizimba yabapristi baza bayiphosa emlanjeni, ukwenza inguquko. Uyabona, idlule kanye kubo kwaye basilela ukuyibona. Benze phantse into enye ngoPatrick oNgcwele kunye nabo bonke abanye.

¹²² Akumangalisi uYesu wathi, “Niyawahombisa niwenza mhlophe amangcwaba abaprofeti, kwaye ikwa nini enibafake phaya.” Kunjalo oko. Lonto esiyidingayo namhlanje ngu-Amos oyakubuyisela iLizwi leNkosi kuthi. Ngokuqinisekileyo wenjenjalo.

¹²³ Ngoku, amabango ethu nezinto azithethi kwanto ngaphandle kokuba uMoya kaThixo uphaya ukuxhasa amabango ethu. Ukuba ubomi bethu abuthelekiseki namabango ethu, ngoko kukho into engalunganga.

¹²⁴ UJoan wase-Arc wakhokelela iFransi ukuya kuvukelo. Babedinga uvukelo. Yiloo nto kanye abayenzayo. Babedinga uvukelo, waza walikhokela. Kodwa emva kovukelo, apho impazamo yenziwa khona, babedinga umntu oya komeleza uvukelo—ukomeleza loo nto ababekreqe malunga nayo.

¹²⁵ Ndithi ibandla lobuPentekoste yeyona nto ikufutshane kakhulu endiyaziyo kwiBhayibhile namhlanje. Ukuba belingenjalo, bendiya kube ndikwamanye. Kunjalo oko. Bendingekhe ndibe ndimi apha ndichitha ixesha lam, ndithetha kubantu bamaPentekoste, ukuba bendizangacingi ukuba kukho amathemba. Kulungile. IPentekoste ilungile. Kodwa xana

sifuna iPentekoste ukuba ihlanganisane ndawonye kunye nezithethe zethu ezaphukileyo, ngoko sidinga umomelezi wovukelo. Sidinga umomelezi ozayo; Ndine...hayi ibango lobuPentekoste, koko ukuza kokucocwa kobuPentekoste.

¹²⁶ UThixo ungwele. Abo baphila ngaYe bamelwe kukuphila ngwele. UnguThixo ongwele. IBhayibhile yathi, “Ngaphandle kobungwele, akukho mntu uya kuyibona iNkosi.” Yinyani leyo. UBomi Bakhe bungwele. Kwaye ukuba uBomi Bakhe bukuwe, Bukwenza ube ngwele. Ngaphandle kwabo, awuyi kuyibona iNkosi. Kwaye mjonge apho akhukulisekela khona.

¹²⁷ Siyinto ethile enjengokuba uSirayeli waye njalo ngaloo mihla, nangona. USirayeli wacinga, ngenxa yokuba wayephumelela, yonke into yayihamba kakuhle. Babenomdibaniso, ngemihla yabo, kunye nezinye izixeko. Kwaye babenomdibaniso. Urhulumente waye nomdibaniso nabalungiseleli, nababingeleli, kunye nabaprofeti. Kwaye babcinga ukuba konke oku kulungile. Kwaye babcinga ukuba oko nje kwakuyikhulisa iNkosi. Kodwa babenomfo omncinane owavukayo waza wababuyisela emva kwakhona. Kunjalo oko.

¹²⁸ Nje ngenxa yokuba babephumelele, kulapho senza khona impazamo. Impumelelo ayingomqondiso wentsikelelo yokomoya. Kunjalo oko. Hayi nakancinci ukuba nguwo. Impumelelo, ngamanye amaxesha, ibangumqobo.

¹²⁹ Niyakhumbula ukuba iNkosi yathini malunga noSirayeli? “Xana wawumncinane, xana wawungenanto, xana wawulele egazini lakho endle, kungekho bani ukucocayo, ndakungenisa. Ngoko waNdikhonza. Kodwa wakuba mdala ngokwaneleyo wade wacinga ukuba ulungile kwaye uzikhusele, ngoko wandishiya Mna.” Basoloko bekwenza oko.

¹³⁰ U-Uziya, njengoko ndathethayo ngaye kwisidlo sakusasa saMadoda angooSomashishini ngenye intsasa, wayeyindoda enkulu. Wabambelela eNkosini. Kodwa ngenye imini emva kokuba uThixo emomelezile...Kwaye wayengumzekelo omkhulu ku-Isaya umprofeti. Kodwa emva kokuba efumene ukomelela, waza wakha, izizwe zaqalisa ukumoyika. Wazakha iindonga zakhe waza waqalisa ukufumana izinto ezintle. Wazicingela. Wajonga indlela awayemkhulu ngayo. Kwaye ngoko wazama ukuthabatha indawo yomshumayeli. Kwaye UThixo wambetha ngeqhenqa, waza wafa engoneqhenqa. Yabona? Asifuni kuze siziphakamise, ezintliziyweni zethu.

¹³¹ Kwaye ngamanye amaxesha, xana sibona imibutho yethu iphumelela, siqalisa ukuthi, “Siliqela elikhulu. Silelona qela likhulu kakhulu lamaPentekoste elikhoyo. Sinako ngaphezu kwabo bonke.” Okanye, “Awungekhe ungene eZulwini ngaphandle kokuba ungowe qela lethu,” okanye into ethile. Xana ufika kuloo ndlela, uzahlule kwiLizwi leNkosi. Kunjalo. Khumbula, ingubo ibanzi ngokwaneleyo

ukolulekela kumzalwana wakho. Injalo kanye loo nto. Mngenise ngaphakathi.

¹³² Owu, indlela esidinga ngayo, namhlanje, ukubizelwa emva eLizwini leNkosi. Khangela, namhlanje. Kwaye isizwe sethu sidinga ukubizelwa emva kwakhona.

¹³³ Ndiyakuthetha, ngobunye bobu busuku, ukuba ndinganako, ndifuna... Ndinesityholo. Ndimelwe kukulinda ndide ndibahlanganise bonke abashumayeli ndawonye. Ehe. Ndifuna ukusibeka ityala esi sizukulwana ngeGazi likaYesu Kristu, ndize ndikugqine oko kuni. Yabona? Ngoku, ndisengabane, ndiphumele ndaweni ithile ukuba ndenze oko. Kodwa siya, sibone ukuba singaba nesidlo sakusasa na ngentsasa ethile, nje ukwenzela abalungiseleli. Kwaye ndi—ndifuna uku, iNkosi indinceda, ukubonisa kanye apho si—apho sibheka khona, indlela engalunganga. Kufuneka sibuyele emva. Ayikho enye indlela ngaphandle kokubuyela emva. Kunjalo.

¹³⁴ Jonga kwisizwe sethu namhlanje. Khangela into esizama ukuyenza, kwa yona lonto yenzekayo kwisigaba sobumnyama, ukumanya ibandla kunye nombuso kunye.

¹³⁵ Khangela kumanyano, okanye, i—iBhunga leeNkonzo zeHlabathi, zonke iicawe ziya kungena kweli Bhunga leeNkonzo zeHlabathi, kwaye zicinga ukuba obu bubunye bukaThixo, ngokuba, zonke iicawe, i-United Brethren, amadoda eenkonzo ezisisiseko angena kulo mbutho mnye mkhulu, oko kungenxa yokuswela ukwazi iLizwi likaThixo. Umprofeti wathetha ukuba loo nto iya kwenzeka, “Bayakwenza umfanekiso werhamncwa, kwaye uyakuba negunya lokuthetha.”

¹³⁶ Owu, ucinga ukuba u-Amos ubenokuma epulpitini ngokuhlwanje apha ezantsi, ukuba wayesePhoenix, aze asilele ukukhwaza kuloo nto? Ubengayi kuba nxamnye nathi, thina bazalwana, kodwa ubeya kuba nxamnye nenkqubo leyo esitsalela kude neLizwi. Leyo yinto ubeya kuyenza. “Angathini loo madoda ukuhamba kunye?” IBhayibhile yatsho apha, apha, u-Amos. INkosi yathi, “Xeleta abantu, ‘Bangahamba njani ababini kunye, ngaphandle kokuba bavumelane?’”

¹³⁷ Ngoku, siya kuwathabatha njani amaqela ethu obuPentekoste size siye kwiBhunga leeNkonzo zeHlabathi, xana isiqingatha sabo phakathi phaya, ngaphezu kwesiqingatha, amashumi asibhozo anesihlanu okanye amashumi alithoba anesihlanu eepesenti, nkqu elukhanyela uzalo lwentombi? Bayakhanyela. Ndiyaqikelela, amashumi alithoba anethoba eepesenti kubo bayakhanyela, bakhanyela impiliso eNgcwele. Bakhanyela imimiselo yeBhayibhile. Bayakukhanyela ukuthetha ngeelwimi. Liqela lamaPentekoste kuphela elikuthabathayo oko. Kwaye siyakuzimanya njani nabo kubunye? Siyakuba banye njani kunye nabo? Siyakuhamba njani nabo ngaphandle kokuba sibe sivumelene nabo? Niyakuyenza

njani loo nto? Kuya kufuneka ukuba nikhanyele inkolelo enkulu yobuvangeli leyo eninayo, imimiselo esisiseko yeBhayibhile, ukuze nihambe kunye nabo.

¹³⁸ Ndiya nixelela, uThixo ubiza umntu ngamnye. Uyakubiza, njengomntu ngamnye, ukuze uhlale neLizwi Lakhe kwaye uhlale kunye naYe.

¹³⁹ Angahamba njani uThixo kunye nabo, xana imvumo nkolo ezizezabo, zenziwe ngobulumko bazo behlabathi, zikhanyela iLizwi Lakhe? Xana imvumo nkolo isamkela imfundiso yeqela lamadoda, kunye, ize ikhanyele iLizwi ekubeni linjalo, ngoko uyamjika uThixo ukuba asuke kuwe. UThixo ungcewele. Kwaye uThixo, iBhayibhile ithi, Ukhangela phezu kweLizwi Lakhe, ukuze aLingqinele. Kwaye Angalingqinela njani iLizwi, xana iLizwi lingekho phaya? Naso isizathu sokuba sibe namalungu endaweni yabantwana. Oko, sinemvumo nkolo. Kwaye wonke umntu unako . . .

¹⁴⁰ Ihlabathi likhangela indoda ebalaseleyo. Basebenzela . . . Bakhangela into ethile leyo enokubavumela babambe uvumo lwabo lobuKristu baze baphile nangayiphi na indlela abafuna ngayo. Abafazi bafuna ukwenza njengeHollywood kwaye nangoko babambelele ekubeni banoMoya oyiNgcewele. Abashumayeli bafuna ukwakha eyona cawe inkulu kakhulu baze benze zonke ezi zinto, kwaye babe namadikoni lawo atshate amaxesha amaninzi. Kwaye—kwaye banokwenza ezi zinto zincinci baze banxibe ezi mpahla, bazibiza ngokuba yinkululeko yabafazi.

¹⁴¹ Ucinga ukuba u-Amos wayeya kuma ngxixenxa yoko? Hayi. Ngokwenene wayengenawukwazi. Ucinga ukuba u-Amos wayenokuma ngxixenxa, aze ahlangani nesigqeba sabalawuli kunye noobhishophu phezulu phaya, aze athi, “Bazalwana, ndicinga ukuba nenze into entle kakhulu.”

¹⁴² Ubeya kuthi, “Gquba ndini labakreqi! Mamenemene ndini! Bakhanyeli ndini boKholo!” Wayeya kuthetha kwaloo nto inye leyo uMikaya wayitshoyo, ngaloo mini phambi kwaloo makhulu mane abaprofeti bokuzenzela bamaHebhere.

¹⁴³ Bathi, “Ngenani, ingxokolo ikho, kwaye kukho ukhuseleko.” Kuxhomekeke ekubeni ufuna ukusisebenzisa phi eso Sibhalo.

¹⁴⁴ Ndingathi, “UYudas wemka waya kuzixhoma ngokwakhe; kwaye nawe uyaya wenze kwa into efanayo.” Lonto ayisebenzi phaya.

¹⁴⁵ Kwaye lonto ayisebenzi, ukuba, “Ebuninzini bengcebiso kukho ukhuseleko.” Icawe yobuKatolika inalo ngaphezu kwenu nonke ngoko.

¹⁴⁶ ELizwini likaThixo kukho ukhuseleko. IBhayibhile yathi, “IGama leNkosi liyinqaba enamandla. Amalungisa abalekela kulo aze akhuseleke.” Kwaye leyo kukuphela kwendawo

ekhuselekileyo endiyaziyo. Abaprofeti bahlala bekukholwa oko. Xana u-Abraham wafayo, xana... Xana uYobhi wafayo, wazibeka ngokwakhe kwilizwe ledinga, ingcwaba lakhe.

¹⁴⁷ Xana u-Abraham wafayo, wathenga isiqwenga somhlaba kanye ngakulondawo inye, ngakuYobhi. Wenza ntoni? Wajonga loo mprofeti. Wayesazi ukuba leyo yayiyindoda yakwaThixo, kwaye wathi, “Ndiyazi ukuba uMhlawuleli wam uhleli, kwaye ngemihla yokugqibela Uya kusuka eme phezu komhlaba. Nangona imibungu yolusu iwutshabalalisile lo mzimba, nangoko ndisenyameni yam ndiyakumbona uThixo.” Ehe. Kwaye u-Abraham wakwazi oko. Wangcwaba uSara phaya. Wathenga isiqwenga somhlaba, kwaye wangcwaba... Yena, ngokwakhe, wangcwatyelwa phaya.

¹⁴⁸ U-Isake, xana wafayo wathatyathwa wabuyiswa wangcwatyelwa phaya. U-Isake wazala uYakobi.

¹⁴⁹ Kwaye uYakobi wafela kude ezantsi eYiphutha. Kodwa ngaphambi kokuba afe, wabiza unyana wakhe ongumprofeti, uYosefu. Kwaye wayesazi ukuba wayengumprofeti, indoda yokomoya, itolika amaphupha, kwaye ibona imibono, yayichanekile kanye ngokugqibeleleyo ngalo lonke ixesha. Wathi, “Yiza apha, Yosefu, nyana wam ongumprofeti. Beka isandla sakho phezu kwesi sinqe athe uThixo usomandla onke wandichukumisa kwiminyaka eyadlulayo, kwaye watshintsha igama lam ukusuka ‘kumqhathi’ ukuya kwi ‘nkosana noThixo.’ Beka izandla zakho phezulu apha uze ufunge ngaloo Thixo ukuba akusayi kundingwabela ezantsi apha eYiphutha.” Ngokuba? Ngokuba? Lonto yenza wuphi umahluko?

¹⁵⁰ Yiloo nto abayitshoyo namhlanje, “Lonto yenza wuphi umahluko?” Sifumana igquba labantu, sibenze ukuba bajoyine icawe, baze basuke ezitratweni. Ngelinye ixesha nimenza umntwana wesihogo ngokuphindwe kabini kunokuba wayenjalo phandle esitratweni. Kunjalo oko. Yenza umahluko.

¹⁵¹ UYosefu, xana wayesifa, wenza ukhankanyo, wathi, “Ngenye imini iNkosi uThixo iya kunityelela.” Wayengumprofeti. Wathi, “INkosi uThixo iya kunityelela. Kwaye musani ukuwashiya amathambo am apha ezantsi, kodwa wathabatheni ninyukele nawo kwilizwe ledinga.” Ngokuba? Wayesazi ukuba iNtlahlela yovuko yayiya kuphuma kwilizwe ledinga. Yiloo nto kanye.

¹⁵² UYesu, xana Wafayo, waza wavuka ngentsasa yePasika, iBhayibhile yatsho, yathi, “Uninzi lwabangwele ababelele eluthulini bavuka, baza baphuma emangcwabeni babonakala kuninzi.” Yayingubani? U-Abraham, u-Isake, uYakobi, uYosefu. Ngokuba? Babekwindawo efanelekileyo.

¹⁵³ Naso isizathu sokuba ndithi iyawenza umahluko. Anidingcwabi nje phandle apha kumaWisile athile, iBhaptizi, okanye enye yecawe. Ndingcwabeni kuYesu, “Kuba abo

bakuKristu uThixo uya kubazisa kunye naYe xana Efika.” Kwaye iyawenza umahluko. Ngokuqinisekileyo, yenjenjalo.

Musa ukuvumela umntu othile akuxelele, “Ngenxa yokuba uzimanye necawe.”

¹⁵⁴ U-Amos wayengekhe eme ngxi ngenxa yoko. Waye yakuthi, “Kwa lo Thixo lowo enithi niyamkhonza . . .”

¹⁵⁵ Ndiya kutsho oku eGameni leNkosi: Kwaloo Thixo lowo esisizwe ekufanele ukuba siyammela uya kusitshabalalisa esi sizwe. Uyakuzitshabalalisa ezi cawe. UThixo weZulu uyakuyithumela ingqumbo Yakhe emgwebeni aze azitshabalalise ezi cawe, ezibizwa ngokuba zicawe. Khumbulani, thabathani ilizwi lam.

¹⁵⁶ Akukho mntu unokuzimanya neBandla. Uzimanya nendawo yokulala. Awuzimanyi neBandla, uyazalwa eBandleni. Yabona? Uzimanya nendawo yokulala eyiWisile, indawo yokulala eyiBhaptizi, indawo yokulala eyiKatolika, indawo yokulala eyiPentekoste. Kodwa uyazalwa eBandleni likaThixo ophilileyo; kwaye yiloo nto Azela yona, eloo Bandla. Ke, sineendawo zokulala, hayi amaBandla. Nantoni na inokuhlanganisana kuloo ndawo yokulala, abahanahanisi nayo yonke enye into. Kodwa ndiya kunazisa oku kanye ngoku, ngokweLizwi, akukho namnye umhanahanisi kwiBandla likaThixo ophilileyo. Akukho nto Phaya ngaphandle kwabangcwele.

¹⁵⁷ Ngoku, ubulungu busenokukungenisa ngaphakathi. Kwaye ucinga—ucinga ukuba u-Amos ubengayi kuyiqhushumbisa loo nto? Ubeya kuyishukumisa loo nto kude kuse kwisiseko sayo. Ngokuqinisekileyo ubeya kwenjenjalo.

¹⁵⁸ Jonga. Xana uSirayeli wayesindleleni yakhe, ukuya kungena kwilizwe ledinga, ekhokelwa nguMoya oyiNgcwele, iNtsika yoMlilo yayiphambi kwabo, iLiwa elibethiweyo lalibalandela.

¹⁵⁹ Kwaye phaya kwaphuma uMowabhi, lowo owayengumzalwana. Khumbulani, wayeyinxalenye kaSirayeli, naye. Wayeyinxalenye, ukusuka kulo mlibo wamaYuda, kuba yayingumntwana kaLote ngentombi yakhe. Yazisa uMowabhi.

¹⁶⁰ Kwaye khangela uBhileham, umbingeleli, waphuma phaya waza wenza isibingelelo, wanikela kwa uhlobo olufanayo lwamadini, nje esisiseko kanye njengoko ebenokuba njalo. Yabona? Kwaye wayenosaziwayo kunye naye. Wayenokumkani. Wayenawo onke amadoda amakhulu, inkosazana kunye namathenwa, bemi kunye naye.

¹⁶¹ Kodwa kwakukho Lowo wayemi noMoses lowo owayengazange ambone. Ngulowo Owama no-Amos. NguLowo oyakuma naye wonke umntu olapha, ngokuhlwanje, oyakumela uThixo kunye nobulungisa. Akukhathaliseki nokuba angakanani na amagunya anamandla, ookumkani abaphaya, abananto nanye yakwenza nalonto. Abanakuze babenako

ukuqalekisa lonto uThixo ayisikeleleyo. Ngokuba? YiMbewu ephilayo. LiLizwi likaThixo. Liyakukhula ukuya kwingqibelelo yaLo. Owu, imiqondiso kaThixo ophilileyo eminqubeni! Oko, kukhangeleka ngokungathi uSirayeli wenze okubi ezantsi phaya. Kodwa basilela ukulibona elaLiwa libethiweyo, kunye neso Sicamagushelo ekubeni senziwa ngenxa kaSirayeli. Kwaye kwakukho ukukhwaza koKumkani emiqubeni. UThixo wayenabo. Ngokuba? Wayephilisa abagulayo, kwaye esenza imimangaliso emikhulu, nemiqondiso nezimanga, kwaye neNtsika yoMlilo yayindanda phezu kwabo. UMoses wayelandela iNtsika yoMlilo. Abantwana bakaSirayeli babelandela uMoses. Kwaye babesendleleni yabo esinge kwilizwe ledinga, kwaye akukho nto iyakubanqanda. Amen.

¹⁶² Owu, ingaba akunakuba lula ukuba iphindwe namhlanje, ukuba uThixo ebenokufumana umntu othile esandleni Sakhe, kulawulo Lwakhe? Laa Ntsika yoMlilo isaphila. Usekwanguye izolo, namhlanje, nangonaphakade. ILizwi lisaphila.

¹⁶³ Thixo, sithumelele u-Amos lowo...oyakumela iNyaniso nokulungileyo, azishukumise ezi zinto.

¹⁶⁴ Uthi, “Ingaba thina...Loluphi uhlobo lweziphumo ocinga ukuba uya kuba nalo?”

¹⁶⁵ Ke, uyakuba neziphumo, ade ababize bonke abo uThixo wabamisela ngenxa engaphambili ukuba babizwe. Ngabo aya kubafumana. “Bonke uBawo aNdinike bona baya kuza.” Ewe.

¹⁶⁶ UMikaya wayephambi ko-Ahabhi, kwaye u-Ahabhi wayemthiyile. Lonke iqela labalungiseleli lalinxamnye naye. Kwaye bonke babephembelekile, kanaanjalo, kodwa impembelelo yabo ayizange imelane neLizwi. Ndinga ukuba, mhlawumbi, u-Amos wabetha kwaloo nto inye.

¹⁶⁷ Xana ababingeleli babehamba phandle esitratweni, bathi, “Ngoku, yima umzuzu nje! Yintoni—yintoni...? Ndibonise iziqinisekiso zakho. Sesiphi isikolo ophuma kuso? Ngowuphi umnombo ovela kuwo? Ingaba ungu...? Ngubani okwenze umbingeleli?”

Wayeya kuthi, “UThixo undenze ndaba ngomnye.”

“Sesiphi isikolo ovela kuso?”

¹⁶⁸ “UYehova uThixo. Ndino-ITSHO INKOSI.” Baya kumphulaphula? Ngokuqinisekileyo hayi. Babengafuni ukumva loo mfo. Ngokuqinisekileyo hayi. Babengafuni... .

¹⁶⁹ Kwaye, nangoko, loo madoda asenokuba athi, “Ndiphembelekile. Ke, ndingowebandla elikhulu labaFarisi apha. Khangela indlela uThixo athe wasisikelela ngayo. Sifaka izibingelelo zegolide phakathi. Sibeka iitempile phezulu. Senza zonke ezi zinto. Kwaye, owu, umnikelo wethu wobumishinari mkhulu kunawo onke amanye amabandla kulo lonke elakwaYuda. Ke, sizenza zonke ezi zinto *apha*. Abantu

bethu ngabahlawuli abakhulu besishumi, nayo yonke loo nto.” Kodwa nangoko uMikaya okanye. . .

¹⁷⁰ U-Amos wema phaya wathi, “UThixo lowo enibanga ukuba niyamkhonza uyakunitshabalalisa.” Kwaye kwenzeka ngaloo ndlela.

¹⁷¹ Ngoku, andizigwebi iinkqubo zobumishinari. Andizigwebi iicawe ezinkulu. Kodwa, inkathazo yazo kukuba, abantu babeka amehlo abo phezu kwaloo nto, naphezu. . . basuke eLizwini. Kwaye, ekugqibeleni, ikukhokelela kanye kuloo nto, kwaye uzifumana unyebelazela. Buyela kanye kwiLizwi. Musa ukumka kuLo. Owu, indlela le esiwudinga ngayo umkhwazo, ovela entlango namhlanje. Ngokuqinisekileyo yinyani ngoku. Ngokuqinisekileyo.

¹⁷² Ezinye izizathu, abantu bayaqikelela. Bafuna ukuqikelela. Yilonto yokuqala leyo efumana. . . Yiloo nto elahla ubudlelwane boluntu, kuxana uSathana wazisa inkqubo yokuqikelela ngochasene neLizwi ukubeni linjalo. Kwaye ivakala isengqiqweni kakhulu.

¹⁷³ Makhe sithabathe nje uSathana, lonto awayenokuyitsho ku-Eva, xana uThixo wayebathintele ngeLizwi Lakhe.

¹⁷⁴ Yiloo nto kuphela uThixo awakha wayenza wayinika abantu Bakhe ukuze abakhusele kutshaba, yayiliLizwi. Akazange asinike imvumo nkolo. Akazange asinike kwanto ngaphandle kweLizwi Lakhe. Kuphelele apho. Kwaye uThixo ungongenasiphelo, unamandla onke, akaguquki. Akanakuze aguquke. Inkqubo Yakhe yokuqala igqibelele. Akanakuze ayiguqule.

¹⁷⁵ Isigqibo Sakhe sokuqala, xana umntu wonayo wawela laa msantsa mkhulu ophakathi kwakhe noThixo, akazishiyela ndlela yakubuyela emva, uThixo, ozele yinceba nobabalo, wamkela isibambiso. NguThixo kuphela ozele yinceba nobabalo onokwenza into elolo hlobo. Wamkela isibambiso, kwaye eso sibambiso yayiligazi. Yileyo kuphela indawo leyo umntu ayakukha eze ngayo kubudlelwane kunye noThixo kwakhona, kuphantsi kwegazi elaphalazwayo. Kwaye akuzange kube naliphi na ixesha apho umntu enokudlelana noThixo, kuphela ngegazi. Kwaye inyanisile kakhulu, apho adlelana khona noThixo.

¹⁷⁶ Ngoku, u-Eva wehlisa imivalo. U-Eva waqalisa ukucingela. USathana wathetha ngolu hlobo, “Ngoku, uyi. . . Awazi. Awukabi nayo nayiphi na imfundo okwangoku. Ndingunjingalwazi kwisikolo sabefundisi apha phandle.” Esakhe. “Kwaye, ndiyakuxelela, sifunde izinto ezithile phandle phaya. Sifundile ukuba uThixo ulunge kakhulu! Sifundile kwisikolo sethu sabefundisi ukuba uThixo ulunge kakhulu! Akakulindelanga ukuba wenze konke Akubhalileyo phaya. Akakulindelanga oko.”

“Ehe, kodwa,” wathi, “iNkosi uThixo yathi.”

¹⁷⁷ Ngoku, wayeya kwenza umshumayeli olungileyo, ukuba wayehleli kuloo Nto. Naso isizathu sokuba egwetyiwe ukuze abe ngomnye namhlanje. Yabona? Mgcine kude kulonto. Wayeya kuthini u-Amosi malunga noko? Ndingwenela ukuba bendinokumva malunga nemizuzu emihlanu, ndize ndishicilele umyalezo wakhe. Bendiya kuwufaka kanye eteyiphini, ndivumele ihlabathi liphela ukuba liwuve. Uh-huh. Ngoko ndingakhe ndithi cwaka malunga nawo, ukususela ngoko ukuya phambili. Qaphela. Ewe, mhlekazi, ubeya kuyigweba lonto.

¹⁷⁸ Kwaye qaphela lonto awayithethayo. Ngoku, uSathana wathi...Ngoku, wayengakwazi ukuyenza loo nto no-Eva, uyazi...

¹⁷⁹ Wayengenakuyenza loo nto no-Adam, kodwa wayenza no-Eva. Ke wathi ku-Eva, ngoku, “Ngoku uyakwazi *oku*.” Wathi, “Uyazi, ngokuqinisekileyo uThixo ulunge kakhulu ukuba angakwenzakalisa. uThixo...Ngokuqinisekileyo awuyi kufa. Uyazi ukuba UnguThixo olungileyo.”

¹⁸⁰ Siva kakhulu ngaloo nto namhlanje. UnguThixo olungileyo. Kodwa, ukuze abe ngolungileyo, Umelwe kukuba abe lilungisa, kanaanjalo. Yiloo nto emenza Olungileyo. Akanabuthathaka. UnguThixo.

¹⁸¹ Kwaye ngoku, “UThixo ulunge kakhulu ukuba angenza oko kuwe.” Kwaye waqalisa, wathi, “Ngokuba, uya kuba sisilumko. Uya kuba nemfundo. Uya kuba nengqondo kwaye ulumke. Uyawu—uyawukwazi izinto ezo ongazaziyo ngoku.” Yabona?

¹⁸² Waye melwe kukwazi into ibenye kuphela, leyo yayiliLizwi. Akunyanzelekanga ukuba sibe neSidanga soBugcisa, kunye nePh.D., kunye neLL.D., nazo zonke ezi ezinye izinto. Yazi nje iLizwi likaThixo. Oyena mntwana ulula kakhulu, lowo ukwaziyo ukufunda, abe nokukwazi oko, kwazi.

¹⁸³ Kodwa, ukucingela, kwaye yintoni abayifumeneyo? Yintoni abayifumeneyo? Kanye phaya baqhekeka. Kwaye uSathana wayesazi ukuba waloyisa uhlanga loluntu kanye phaya. Kwaye kulapho waboyisa khona ukususela ngoko.

¹⁸⁴ Naso isizathu sokuba u-Amos eze. Ngokuba, indumasi kunye nezimvo ezidumileyo, nolungileyo, umongameli omkhulu okanye ukumkani, kwaye wayezise impumelelo. Abantu baya kuthengisa ubomi babo ngenxa yesuphu yeembotyi, njengo-Esawu. Andizami kwenzakalisa, kodwa ndizama ukwenza inyaniso.

¹⁸⁵ Nina maDemokhrasi nithengise ngobuzibulo benu kungekudala. Kunjalo oko. Kwaye andingomRiphabhlikhi. NdingumKristu. Kodwa, mzalwana, elinjani lona ihlazo! Kwaye kwafuneka kuthabathwe umatshini onobuqhophololo ukuze

kuvotelwe kuwo ngolo hlobo. Kodwa yiloo nto iMelika ibiyifuna. Bayifumene. Udlala ngokukunika lonto oyifunayo.

¹⁸⁶ Thixo, ndinike iLizwi Lakho. Yiloo nto endiyifunayo. “Makhe ndilifihle entliziyweni yam iLizwi Lakho, Nkosi, ukuze ndingoni nxamnye naWe.”

¹⁸⁷ Owu, abanye bayaqikelela. Kodwa, yabona, u-Amosi wayengaqikeleli, ngokuba wayengumprofeti. ILizwi leza kuye. Hayi.

¹⁸⁸ Ngokufanayo njengeLizwi namhlanje, umelwe kukuba uLitolike, vumela uMoya oyiNgcwele aLitolike ngokuLingqinela ebomini bakho.

¹⁸⁹ Yiloo nto eyathethwayo, yintoni, uyazi, uYeremiya wathi ku—kumprofeti uHananiya. Wathi, “Xana loo mprofeti ethetha, kwaye loo nto ayithethileyo ibonakalalisiwe, ngoko abaprofeti babesazi ukuba wayeyanisile.”

¹⁹⁰ Ukuba u-Amos ubelapha, yintoni ocinga ukuba ubeya kuyenza? Ubeya ku—ubeya kuhlala neLizwi. Yiloo nto ebeya kuyenza. Uyazi ukuba yintoni? Ubeya kusixelela ukuba sifundiswe ngokuphosakeleyo sasuka kwisiseko seLizwi lakuqala likaThixo. Ubeya kusixelela ukuba sikude le kwiBandla lokuqala lobupentekoste. Yiloo nto ebeya kusixelela yona thina maPentekoste. Uthi, “Ngoku, babephantse babe neminyaka engamashumi amahlanu ukuba bazifake egiyeni, kwaye anikaze nifike phaya okwangoku.” Owu, yintoni ebeya kuyitsho kubuqu behlelo? Ke, owu, ukuba ubengayi nikanga loo nto, ukuba ubengayi kuzikrazula iicawe, ngenxa yokuziphatha kwazo okubi, ngenxa yokwamkela iimvumo nkolo, ukuzimanya nenkonzo endaweni yokuba uzalelwe kuyo!

¹⁹¹ Ke, ukuba uzalelwe kuyo, mzalwana, dade, wenza ngokwahlukileyo. U—uhlala neLizwi. Ukuba uMoya oyiNgcwele ukuwe, Uzondla kuphela ngeLizwi. UYesu wathi, “Umntu akayi kuphila ngasonka sodwa, kodwa ngalo lonke iLizwi,” hayi inxalenye yeLizwi, “kodwa lonke iLizwi elo eliphuma emlonyeni kaThixo.”

¹⁹² Yena, ekubeni engumprofeti, ubeya kuyibona le nto ikuthi. Yo . . . U-Amosi wayengumprofeti.

¹⁹³ Ngoku ndiya kuvala, emzuzwini nje, kodwa ndifuna ukuwenza lamanqaku abambelele ukuba ndinganako. Ndiyakuwathetha, kwaye uMoya oyiNgcwele umelwe kukuwenza ukuba abambelele. Ndifuna ukunibuza into ethile.

¹⁹⁴ Ukuba u-Amos ubenokuza apha ngokuhlwanje aze eme kweli qonga, ukuba ubenokuhamba enyuka nokuhla ngezitrato zasePhoenix, ebeya kubona kuthi namhlanje, kumcimbi wethu wesizwe, kwinkonzo yethu yehlabathi, ubeya kubona kwaloo nto inye awayibonayo kwaSamari: sinikelwe ngokupheleleyo ekuziphatheni okubi, sikude neLizwi likaThixo.

Ubeya kubona elona qela linenkolo. Babenjalo, ngamnye kubo, amaSirayeli. Kodwa ubeya kubona u—ukuziphatha okubi, ukuziphatha okubi. Ubeya kubona—ubeya kubona ukubola kokuziphatha okubi phakathi kwabantu. Ubeya kubona ukubola kokuziphatha okubi phakathi, kwesizwe. Ubeya kubona ukubola kokuziphatha okubi eLizwini. Ubeya kubona ukrexezo ecaweni. Andithethi kuthi... Ehe, kokubini; ngokwasemzimbeni, kwaye ubeya kubona ukrexezo lwasemoyeni. Indlela le abaya kube bethabatha ngayo iimvumo nkolo zomntu phandle apha, njengeemvumo nkolo zomntu, kwaye bezamkela endaweni yeLizwi, olo lukrexeza ngokwasemoyeni ngokuchasene noThixo. ISityhilelo 17 sitsho njalo, ukuba bona, eli henyukazi, lenze isono, ngokuba, “Ngamasikizi alo lenza ukuba umhlaba usele iwayini yengqumbo yalo.” Ewe. Siyayibona ukuba iyakube yahlukile ngokupheleleyo. Ubeya kuyibona lonto, ukubola kokuziphatha okubi.

¹⁹⁵ U—Amos akazange amsole urhulumente, nangona kunjalo. Phulaphulani. U—Amos akazange asole urhulumente, kuzo zonke iZibhalo zakhe. Kodwa wagxeka abantu ngokonyula urhulumente onjalo. Owu, ndinga...

¹⁹⁶ Nidiniwe? [Ibandla lithi, “Hayi.”—Mhl.] Ke, bambelelani nje umzuzu. Yabona?

¹⁹⁷ Musani ukugxeka urhulumente wenu. Urhulumente akakwazi ukwakha indlu phezu kolwalwa apho abantu bathe bavotela isanti. Abantu bayayifuna lonto.

¹⁹⁸ Kwaye ngamaxesha amaninzi ndithetha izinto epulpitini, xana ndisazi ukuba abazalwana bam bahleli phandle phaya, abalungiseleli, amadoda alungileyo. Ndithetha kubo, ndibabeke ekoneni. Kwaye ngumsebenzi wam, ndisazi ezi zinto, ukuxelela abazalwana bam. Kwaye ndithetha kubo. Bathi, “Mzalwana uBranham, siyazi ukuba unyanisile, kodwa icawe yam iyakuphuma imke.” Yabona? Yabona? Yiloo nto niyifunayo. [Indawo engenanto eteyiphini—Mhl.] Yabona? Awukwazi. Ngabantu.

¹⁹⁹ Ngoku, ukuba ucinga ndiyakuqalisa isakhiwo apha ezantsi esitratweni ndize ndithengise, amanenekazi namhlanje, ezo zodidi lwakudala, eziphakamileyo, izihlangu ezivalekileyo? Kusenokwenzeka ukuba zinesikhumba ngakumbi ku—kunevenkile enazo ezeleyo namhlanje, iperi enye. Kodwa ukuba bendizithengisa ngamashumi amahlanu eesenti iperi, bendiya kulamba ndife. Ngokuba? Anizifuni.

²⁰⁰ Ukuba bendithengisa ezo zodidi lwakudala, zoMama izikeyiti zeHubbard kubafazi namhlanje, nicinga ukuba bayakuzithenga? Ngokuqinisekileyo hayi. Bafuna into ethile leyo abanokuzigalela kuyo, ebonakala njengesikhumba esihlohliweyo. Ba—bafuna nje ukuba zibabambe kakhulu.

Bahambe behle ngesitrato, malunga nezine okanye ezintlanu iziqu ezahlukeneyo, betyhalelwe ngaphakathi, betyhalelwe ngaphandle, baza babuyela umva ngeperi yezithende, intloko yabo iphumele ngaphandle. Oko, andithethi ukwenzela isiqhulo. Le akuyiyo indawo yokuqhula. Kodwa leyo yinyaniso. Andinayo imfundo entle. Leyo kukuphela kwendlela endinokwenza ngayo ilizwi lam, yazi, niyayazi ukuba yintoni endithetha malunga nayo. Yabona? Ngoku, yinyani. Bebengayi kuzithenga eza lokhwe.

²⁰¹ Ngobunye ubusuku eqongeni, umfazi omncinane ongumNdiya weza phaya. Ndandifuna ukuxhawula isandla sakhe esincinci. Phezulu kwinkonzo kaMzalwana uGroomer, okanye naphi na. Wayenxibe ilokhwe njengoko umama wayeyinxiba. Ndacinga, “Ke, asikelele intliziyo yakho, nenekazi.” Kwaye iNkosi yaliphilisa kanye phaya, ngaphambi kokuba nkqu lifike kum. Yena . . . Yabona? Ndacinga, “Ku—ku—kungcono nje ndithule.” Yabona? “Linda nje de kufike ithuba, ngelinye ixesha.” Yabona? Kwaye nantso ke apho yayikho.

²⁰² Ke, ubungekhe uzithengise ezo lokhwe. Usenokuzithengisela amaNdiya, kwaye nakuwo hayi uninzi lwawo. Baya nje bekhululeka njengabanye bonke. Nineenkqubo ezininzi kakhulu zikamabonwakude. Kwaye abantwana benu bayaphuma, nabanye aba bangoku, abamhlophe, ootishala besikolo bangenayo, nabo bonke obu obunye ubuvuvu. Bekuya kuba ngcono uyeke, wawusemva phandle ngaphaya njengoSitting Bull knye nabo babenjalo, kwixesha lakudala eladlulayo.

²⁰³ E-Afrika, xana sasinohlanga lwabantu abantsundu phaya, yintoni ababeyenza? Yiya ngaphaya, ezo mishinari, ziyafunda, ziyabhala, kunye nezibalo. Xana yena . . . Ngokuba, bona, bazi ngakumbi malunga nokuziphatha, kwizizwe zabo, nangaphezu kokuba wakha wazi, ubuKristu bunokuze buzise kubo. Kunjalo oko. Ukuba nawuphi na wabo bafazi phandle phaya, ukuba ukwisizwe samaZulu, ukuba ulindile ukuya kwiminyaka ethile ukuze atshate, kwaye akazange, umntu othile akamthabathanga ukumenza inkosikazi, umelwe kukuba aphume phaya. Akasenguye umntu wesizwe. Hayi, mhlekazi. Kwaye xana sele etshatile, uyavavanywa ubunyulu bobuntombi bakhe. Kwaye ukuba ufunyenwe enetyala, umelwe kukuba axele indoda leyo ekwenzileyo oko, baze bobabini babulawe, kunye.

²⁰⁴ Bekuya kubakho ukubulala okuninzi apha ukuba besinolohlobo lommiselo. Anicingi njalo? Kunjalo oko. Bebengekhe babenabo abangcwabi ngokwaneleyo ukuba bangawabe amadoda kunye nabafazi. Ngokuqinisekileyo. “Kodwa nifile, nakanjani na, kwaye aniyazi lonto.” Ke nantso ingxaki yako. Yabona? Kodwa ngoku, kakhulu, kunjalo oko.

²⁰⁵ Ngoko ke yintoni oyenzayo? Bayabathabatha ngaphaya baze babafundise isikolo. Ngoko ubafumana besesitratweni.

Banezono zabo zobuzwe, lonto ababenayo; baza bangesiswa, bathabatha izono zomntu omhlophe; kwaye ngoko bangabantwana besihogo ngokuphindwe kalishumi kunalonto babeyiyo nje kwindawo yokuqala. Inye kuphela into abayidingayo nguKristu ukuze bahlale apho bakhoyo. Kunjalo.

²⁰⁶ Ikwa yiloo ndlela ngamaNdiya wethu angamaMelika. Nabani na endinosizi ngaye, kwesi sizwe, ngulaa mNdiya. Ngokuqinisekileyo uyewaba nesivumelwano esibi ukuphuma kulonto! Andiyiyo... Ndingumntu omnye nje, kodwa ndimele bona. Ewe, mhlekazi. Ukuba iNkosi iya kukha indibize ukuphuma emasimini wokusebenza ngolu hlobo, xana uMyalezo wam uphelile, Indivumele ukuba ndiphile ukuya phambili, ndiya kumaNdiya. Ewe, mhlekazi. Ewe, mhlekazi. Bethu!

²⁰⁷ Siyayibona into u-Amos awayeya kuyenza xana ekhwaza. Inkqubo yethu yonke ibiya kugwetywa. Ngokuqinisekileyo hayi...

²⁰⁸ Urhulumente akanokwazi ukwakha (ukuphawula kwam ibikoku) phezu kolwalwa, ukuba isizwe sivotele isanti.

²⁰⁹ Uyakulakha njani ibandla lakho phezu koLwalwa? Uya kuma njani na umshumayeli epulpitini aze ashumayele uLwalwa, kwaye alakhele phezu kweziseko zeVangeli epheleleyo, xana isihlwele sakhe, abanye abantu bakhe phandle phaya, beya kumkhuphela ngaphandle? Ngoku, ndigxeka umshumayeli ngokungabi nabunganga, noMoya kaThixo, nje aluvale ucango, athi, "Fumanani omnye umntu othile oya kuyimela loo nto hayi mna." Ndi—ndiyamncoma umshumayeli oyakwenza loo nto.

²¹⁰ Kodwa yeha kweloo bandla xana indoda ethanjisiweyo kaThixo izama ukubazisela iLizwi, kwaye ngoko bengayi kuhambelana naYo. Kunjalo oko. Uyakuba nalo njani ibandla elo zonke izibabalo ezilithoba zisebenzayo kulo, na njalo njalo, kwaye ngoko, bona kunye noko, kwaye ibandla aliyo nkqu—nkqu nokuphila ngokundilisekileyo nangokuziphatha okuhle, lingasayi kufunda noo-ABC balo beVangeli? Ngoko uthi, "Ukuba bendinomshumayeli ongcono!" Ngokuba, yimpazamo yakho. Kunjalo oko.

²¹¹ Yimpazamo yesizwe sethu, amaMelika ethu, yokuba seza ngapha ukwenzela unqulo olukhululekileyo. Ukuphuma kwintoni? Kwaye sibuyele emva kanye, saza sabeka kwikomkhulu lethu kwaloo nto leyo ebesize ngapha ngayo ukuze sikhululeke kuyo.

²¹² Esi sizwe siyafana kakhulu noSirayeli. Bona, uSirayeli, weza wangena ePalestina, wabakhuphela ngaphandle abemi waza walithabatha ilizwe. Okokuqala, abe nathile alungileyo—alungileyo, amadoda phezu kwawo. AyenoDavide, noSolomon, namadoda amakhulu. Ekugqibeleni, emva kwethu, ahlala ebavotela, kwaye etyhalela ngaphakathi, kwaye esenza unyulo,

ade afumana u-Ahabhi ezantsi phaya, owatshata umhedeni. Ngoku, u-Ahabhi wayengumfo olunge kakhulu. Yakhe . . . Owu, wa—wayefuna ukwenza okulungileyo, kodwa wayengakwazi ukwenza okulungileyo, ngenxa yalaa mfazi wakhe.

²¹³ Ngoku, andinanto ndiyichasileyo kwindoda ebendithetha ngayo kwimizuzu embalwa edlulileyo. Isenokuba yindoda elungileyo. Kodwa yilaa nkqubo yelaa henyukazi lisemva kwakhe, olo lujija intamo yayo. Yiloo nto eliya kuyenza. Ingena ngokulula nje kangangoko inako, ngolo hlobo, ize iyikhukule yonke into ukuhla.

²¹⁴ Ubusazi ukuba thina si—sikwi ngoku . . . Ityala lethu lesizwe likhulu kakhulu, side sibe sihlawula ngemali mboleko, ekhutshwe kwirhafu leyo esiya kuyifumana kwiminyaka elishumi elinesine ukusukela namhlanje. Kuya kwenzeka ntoni xana le nkqubo isophuka?

²¹⁵ UCastro, ngokuqinisekileyo, ndimchasile. Ungumkomanisi. Kunjalo. Ndimchasile. Kodwa wenze into elungileyo xana watshintsha imali waza wathumela igolide ukuba ibuyele emva, uthenge iibhondi waza wabuyisela igolide emva.

²¹⁶ Kuya kufuneka ukuba senze oko, okanye kukho into enye emileyo ebusweni bethu, leyo yi, kukuba icawe yamaKatolika ilawula ubutyebi behlabathi. Inayo imali. Inayo igolide, ukuthenga iibhondi zethu izibuyise kwakhona. Yiloo nto kanye. Kwaye ucinga ukuba aba bathengisi bewhiskey, nabarhwebi becuba, nabantu abakhulu belizwe abayi kuthengisa, ukuze bazingcine bengalahlekelwa lilo lonke ishishini labo kunye nokwenza imali yomgunyathi? Bayakubuyela kanye emva baze bathabathe laa mali ukuphuma kwicawe yamaKatolika, kwaye ngoko sithengisiwe. Kunjalo. Ingaba iBhayibhile ayikuxelanga kwangaphambili na oko, “Ubutyebi behlabathi”? Andingosopolitiki, okanye umntu olumkileyo, kodwa ndiyayibulela iNkosi ndiyaYazi. Kwaye oko kunjalo. Kulapho siyakulala khona, kanye phaya. Nisijonge. Nikhangele kwaye nibone ukuba oko akunjalo na. Nje . . . Ndiyathemba ukuba sonke siphila ukuze sisibone, kwaye andicingi ukuba kuya kufuneka ukuba siphile ixesha elide.

²¹⁷ Kodwa niyakwenza njani? Siyakulakha njani ibandla? Siyakusakha njani isizwe? Siyakusakha njani isizwe phezu koku ngoku? Yintoni esiya kuyenza malunga nalonto?

²¹⁸ Mhlawumbi kuya kubangcono ndithule, ndiye ndaweni ithile eyenye. Kodwa, niyazi, ndithethe ngokwaneleyo nade nayazi lonto endithetha malunga nayo. Yabona? Niyazi ukuba ndithetha ngantoni.

²¹⁹ Khangela lonto esiyifunayo. Nina, niyayibona into eniyifunayo? Yiloo nto niyifumanayo. Leyo yiminqweno yenu.

²²⁰ Khangela kwiinkqubo zethu zikamabonwakude namhlanje, azingancinwanga. Bezidla ngokwenziwa njalo,

bezingabalungelanga abantwana bethu, sasingabavumeli ukuba behle bangene esi—esixekweni baze babukele umboniso bhanyabhanya, i—imiboniso yemifanekiso. Kodwa ngoku umtyholi wayijika loo nto kanye emva kwaye—kwaye wayenza umabonwakude, waza wayimisa kwizindlu zonke.

²²¹ Kwaye oko kuyakulunga, umabonwakude ulungile, ukuba unento elungileyo kuye. Ngokuqinisekileyo, unjalo.

²²² Kodwa wenza ntoni? Uya esonakaliswa lixesha, esebenzisa igama likaThixo, ethukana, eqalekisa, abafazi abahamba ze, izenzo zokuziphatha kakubi, oko konakalisa ingqondo yaba bantwana, sade savelisa iqela lenjubaqa, kunjalo oko, iinjubaqa. Leyo yinyaniso kanye. Usenokuyijonga nawe ngokunjalo lonto.

²²³ Isizwe sethu sisonke siguqukelela kwigquba leenjubaqa. Nayiphi na inkwenkwe ihamba inxibe ibhulukhwe ejinga esinqeni sayo, kwaye intloko ijingela ngasemva, zize iinwele zayo zijinge ukuhla entanyeni yayo njengezikaNksk. UKennedy ziyenze intloko ibe nkulu kunesiqhelo, kwaye zihambe zijikeleza ngolo hlobo, njengenjubaqa, size sikubize oko ngamaMelika? Niwile elubabalweni. Guqukani kwaye nibuyele kuThixo, okanye niya kutshabalala. Kungeso sizathu, si—sifuna ukufumana umntu othile apha oyakusivumela ukuba senze nantoni na esifuna ukuyenza. Kunjalo oko.

²²⁴ Kukwayilo ndlela ke ngeecawe. Bafuna ukunyula umalusi, hayi umalusi oyakuma phaya aze abethelele iVangeli kubo. Kodwa bafuna umntu othile oya kubavumela bazolule kwimpahla yokuhlamba, kwaye badlale imidlalo yokudlala ngemali kwigumbi elingaphantsi, kwaye baphile nangayiphi na indlela abafuna ukuphila ngayo, iinkqubo zikamabonwakude nezikanomathotholo ongancinwanga, ukuhlambela nokungcola, ukuzimanya necawe nehlabathi kunye.

²²⁵ Akumangalisi u-Amos eyakukhwaza nxamnye naloo nto. Ucinga ukuba abantu baya kumamkela xana bevotela loo nto kanye ngaphakathi?

²²⁶ Ukuba umalusi ushumayela ngaphezu kwemizuzu engamashumi amabini, ibhodi yamathenjwa imbizela ngaphaya egumbini ize ithi, “Jonga apha, malusi. A—asikuzisanga apha ukuba wenze into ethile elolo hlobo. Sinenkqubo yemizuzu engamashumi amabini. Xana oko kuphelile, liyeke lihambe.”

²²⁷ Into ekudingeka ukuba ayenze kukukhaba elo gquba lamathenjwa liphume ngomnyango, aze athathe iBhayibhile ashumayele ubusuku bonke, njengoko uPawulos wenzayo, aze abone uvuko lwabafuleyo. Ngokuchanekileyo. Bamkhuphela ngaphandle kwesakhiwo; imbombo yesitrato yinto elungileyo. “UThixo unako kula matye . . .”

²²⁸ Umabonwakude, imiboniso yemifanekiso engancinwanga, emdaka, engcolileyo, kwaye masenze umzekelo. Jonga kubantwana bethu abancinci namhlanje. Jonga

kumantombazana ethu. Bona intwana ezincinci zabafo bevela esikolweni, hayi ngaphezu kweminyaka emithandathu ubudala, esixhenxe, esibhozo, bentumeka imidiza. Kutheni kunjalo nje? Oomama babo phambi kwabo mhlawumbi bakwenzile oko. Ukuba abazange bakwenze oko, ngoko ngabanye babantwana abanxulumana nabo. Jongani ukuba abantwana benu badlala nabani. Kunjalo. Apha ngenye. . .

²²⁹ Kwixesha elithile eladlulayo, inkosikazi iyayazi lonto, sasihleli etafileni. Kwaye uJoseph wam omncinane wakhupha ilizwi elinokwenza umatiloshe onxilileyo abe neentloni ngesiqe sakhe. Ndajika. Ndathi, “Yintoni leyo?” Waze umama waphantse esifa isiqaqqa. Umfo omncinane wabe ekhangeleka emsulwa.

²³⁰ Wathi, “Yintoni ingxaki, tata?” Neenyembezi ezinkulu emehlweni akhe.

²³¹ Ndathi, “Ungaze uphinde utsho into enjengaleyo.” Wayengazi nokuba lonto iyonke yayi malunga nantoni. Ndaza ndafumanisa ukuba, abantwana esikolweni babesebenzisa elo gama limdaka. Ndathi, “Sthandwa, lonto yeyomtyholi.”

²³² Yabona, nantso ke, abantwana benu. Ifike nje kwindawo, mzalwana, ide ibe njeinja ityainja, enjalo ingxubakaxaka yesono. Owu, bethu! Iinkqubo zikamabonwakude, abathandi bezono, abathandi beziyolo! Owu, bethu!

²³³ “Imizuzu engamashumi amabini mide ngokwaneleyo. Ndimelwe kukuba ndibone umboniso wamvanje.” Yabona? “Khawuleza uze ukhuphe oku apha. Ndimelwe kukwenza oko.” Yabona? Bayenzile inkolo yabo. Behlela ezantsi phaya, kwaye oko kwanele.

²³⁴ Kodwa, ndiyanixelela, indoda okanye umfazi wokwenene ozelwe nguMoya kaThixo uya kuhlala iyure emva kweyure, besela eLizwini likaThixo. Hayi oko kuphela, kodwa xana libetha phaya, liyabambelela lize litshintshe ubomi. Amen. Ewe.

²³⁵ Yiminqweno yabantu bakowethu. Uwonke ummiselo wethu wonakele kwaye ubolile. Zimfuno zabantu bethu.

²³⁶ Uthabatha indoda elungileyo, uthi, njengendoda elungileyo, uyibike kusapho olo lwegquba labathandi beziyolo, baya kuyikhokelela loo ndoda ebomini benja; okanye, umfazi olungileyo, nokuba ngowuphi kubo, ubabeke kusapho olo oluxubeneyo. Ngokuba, usapho luphela luya kufuneka luzinikele kuThixo. Ngumsebenzi wethu wokuba sithandaze, bade abantwana bethu basindiswe, sigcine indlu yethu ikulungelelwano. Ehe.

²³⁷ Siyinto ethile enjengoko uSirayeli wenzayo, lowo owenza umdibaniso neentshaba zakhe. Okokuqala, kwafuneka ukuba bemke eLizwini ngaphambi kokuba babe nokwenza oko. Kwaye lonto nje ikubonisa ukuba iMelika imke yakude kangakanani na eLizwini.

²³⁸ Uyazi, u—umelwe kukuba ukhanyele inyaniso ngaphambi kokuba ukholelwe ubuxoki. Kunjalo oko. Kunjalo kanye. U-Eva kuqala kwafuneka ukuba akhanyele iLizwi likaThixo ngaphambi kokuba athabathe ubuxoki bukaSathana. Kwafuneka ukuba bemke eLizwini ngoko, yinto efanayo nangoku, bavumela iRoma ukuba ithabathe ulawulo ngaphandle kokudubula nakanye. Abalazi iLizwi likaThixo malunga nezi zinto. Yilonto ingxaki yayo.

²³⁹ Sidinga ukuvela komprofeti wokwenyani, asibuyisele eLizwini. Kunjalo oko. Sithenjiswe omnye. Sithenjiswe oko. Ewe ngokwenene. UMalaki 4 wathi uyakwenjenjalo. “Kwaye uya kulubuyisela uKholo lwabantu lubuyele emva koyise bepentekoste kwakhona.”

²⁴⁰ U-Amosi wayesazi ukuba izithandwa zikaSirayeli ezingahloneli Thixo zaziya kumtshabalalisa ngenye imini. Ngoku makhe ndithethe oku ngentlonipho. So ikholwa namhlanje liyazi ukuba ihlabathi, izithandwa zale Melika ezingahloneli Thixo, ziyakuyitshabalalisa. Uthando lwenu lwezopolitiko! Ndiyakukuvumela oko kubambelele umzuzu nje. Oko kuya kusitshabalalisa isizwe. Kwaye uthando lwenu lwehlabathi, olungezi kunye neLizwi kwaye nizama ukwenza oko kulungileyo, luyakulitshabalalisa ibandla. Oko kunjalo kanye. Ndiyathemba ukuba oko nikufumene. Icawe iMshiyile, yalishiya iLizwi Lakhe loBomi. Ihlabathi liphela liyakhubeka kulonto, njengelitye lesikhubekiso. Benza kwalonto inye namhlanje. Ewe. Ukuba u-Amos ubelapha, ebeya kukhwaza nxamnye nenkqubo yonke iphela.

²⁴¹ Ngoku, ekuvaleni, ndifuna ukutsho oku, kumqolo we-8. Mamelani ngenyameko. Wathi, “Xana ingonyama igqumayo, ngubani na ongayikoyika xana ingonyama igqumayo?”

²⁴² Kwaye ndakha ndazingela iingonyama. Ingonyama ingukumkani wamarhamncwa. E-Afrika ndaye ndalala phandle phaya kwezo ntlango, ngexesha lasebusuku, phantsi kwazo zingca zincinci, okanye yayizinkunzana.

²⁴³ Ingonyama ibiya kutsibela kanye phambi kompu odubulayo. Ayinaloyiko lwalonto, kodwa ayinakusondela eliveni. Niyivile intsomi. Kodwa, yinyani leyo, ingonyama ayinakuya ngasemeveni. Bakha izindlu zameva ngolo hlobo, kwaye ingonyama ayinakuze itsibele nxamnye nazo. Kungenjalo, ingafumana, ingangena kukuhle kuzo.

²⁴⁴ UBilly kunye nam. Ndikhumbula silele phandle phaya ngobunye ubusuku, seva umlomo wayo omkhulu omdala umbombozela kanye apho, *oko* bekukude nentloko yam, yabona, kodwa ya—yayingakwazi ukusondela kufutshane. Uzipho lwayo olukhulu oludala, elimalunga *nolo* hlobo, ihamba ijikeleza emhlabeni.

²⁴⁵ Kwaye usenokuva yonke into ngokuphuma kwiingcuka, ingcuka ehlekayo, ingcuka ekhalayo, kwaye—kwaye zi—ziyakhwaza. Kwaye—kwaye uva iimfene, iinkawu, kunye—kunye neendlulamthi, kunye neendlovu noko kukhala okukhulu kunye “nokukhwaza.” Unokuziva ukusuka kwiimayile. Kwaye izinambuzane kunye nooqongqothwane bazo zonke iintlobo besenza ingxolo yabo. Kodwa makhe ingonyama igqume kumgama othile, nkqu nooqongqothwane bayeka ukungxola. Bayaphulaphula. Ngokuba? Ngukumkani wabo. Baphulaphula kuye.

²⁴⁶ IBhayibhile yatsho, “Xana uThixo...Xana ingonyama igquma, ngubani na ongayi koyika? Kwaye xana uThixo ethetha, singathini na ukungaprofeti?” Singathini na ukungakwenzi oko? Xana uThixo ethetha, umprofeti ukhwaza iLizwi elithethiweyo. Kwaye ukuba LiLizwi likaThixo. . .

²⁴⁷ Kwaye ingonyama iyagquma; ooqongqothwane, yonke into, ithi cwaka, ngokuba zisoyika. Owazo—owazo—owazo ukumkani u—uyathetha. Zinayo i—ingqiqo ngokwaneleyo, ubunganga, kunye nembeko ngokwaneleyo, ukuhlonipha ukumkani wazo xana ethetha.

²⁴⁸ Ke, uThixo uthetha ngeLizwi Lakhe, kwaye makhe sonke isidalwa sendalo Yakhe sithabathe ingqalelo. UYathetha kule mihla yokugqibela. Uvakalisa iLizwi Lakhe. Kwaye makhe sonke isidalwa eso isesobuKumkani Bakhe siyithabathele ingqalelo lonto ayitshoyo. Sime. Sikhangele. Uyagquma ngoku, egquma ngeLizwi Lakhe elingqinelweyo. Uyazazisa ngoKwakhe. Xana Agqumayo kule mihla yokugqibela, makhe sithabathele ingqalelo, kwaye sazi ukuba kukho into elungiselela ukwenzeka, sisazi ukuba uThixo akakaze akwenze oko ngaphandle kokuba Agqume kuqala. Xana Agqumayo, ngoko into ethile ilandela oko kugquma, ewe, ngokuba Uyeza ngoko.

²⁴⁹ Wathi, “Ingaba i—i. . .Ingaba ingonyama iyakugquma ngoku ngaphandle kwesizathu? Ingaba ingonyama entsha iyakhala, ukuphuma emqolombeni, ngaphambi kokuba ibambe nantoni na?” Yabona?

²⁵⁰ UThixo unesizathu sokuba agqume, ngokuba Uyazi ukuba umgwebo usondele. Kwaye, iLizwi Lakhe, iLizwi Lakhe lingumprofeti. Ulilo. “Esi sisiprofeto sikaYesu Kristu.” Sisityhilelo, uThixo uzityhila kuthi ngoKwakhe ngeLizwi Lakhe elibhaliweyo. Kwaye UliLizwi. Kwaye, ngoku, eli liLizwi Lakhe. Akukho nto inokongezwa kuLo okanye isuswe kuLo, kodwa Limelwe kukuba liphilwe kwaye lingqaliswe kanye ngale ndlela Liyiyo. Masingakhe, sithabatha nto kuLo okanye songeze nantoni na kuLo. UThixo usenguThixo. Uyagquma.

²⁵¹ Wathi, “Njengoko kwakunjalo ngemihla kaNowa, ke kuyakuba njalo ekufikeni koNyana womntu. Babesidla, besela,

bezeka, besendisa, nokuziphatha kakubi.”

²⁵² “Kwaye njengoko kwaku njalo ngemihla kaLothe,” Weza ngoKwakhe ekumzimba wenyama, waza waZingqinela ngoKwakhe ekubeni wayephaya ku-Abraham. Wathi, “Ke kuyakuba njalo ekufikeni koNyana womntu.” Ziqapheleni ezi zinto. Izibane zangokuhlwa ziyakhanya.

²⁵³ Owu, ukuba besino-Amos embonisweni namhlanje, makhe agqume kwakhona, ubeya kuziqhushumbisa ziwe phantsi iinkqubo zethu nezithethe zethu, kwaye iLizwi likaThixo beliya kukhwela ngoloyiso.

Masithandazeni.

²⁵⁴ Bawo waseZulwini, thetha kwakhona. Gquma njalo, Nkosi, ngoMoya oyiNgcwele. UnguMprofeti weyure. UnguMprofeti wosuku, ezama ukufumana indlela Yakhe ukungena ezintliziweni zamadoda nabafazi, ukuze Abe nokuthetha iNyaniso. Ndiyavuya kakhulu ukuba Uyabafumana abanye. Ndiyathandaza, Bawo waseZulwini, ukuba Uyakufumana abaninzi apha ngokuhlwanje, ukuze Ube nokusebenzisa umntu othile okulungeleyo ukuzithoba. Xana besiva ukugquma kukaThixo usomandla onke kuphuma ngeLizwi Lakhe, umgwebo ukufuphi.

²⁵⁵ Xana ingonyama igqumayo, uyeza. Sonke—sonke isidalwa siyazi ukuba kungcono sizifihle, kuba ukumkani uyaphuma.

²⁵⁶ Thixo, sinendawo enye kuphela yokhuseleko, xana uKumkani wookumkani agqumayo, elo liGazi likaYesu Kristu. Sinendawo yokhuseleko. Ndiyathandaza, Bawo waseZulwini, ukuba Uyakuthetha kwiintliziyo ngokuhlwanje. Kwaye benze bazi ukuba baphila emathunzini wokuBuya kukaKristu, xana izizwe zisaphuka, kwaye izinto ziyaqhubeleka, zalonto eziyiyo. Kwaye, nangoko, kwinceba Yakho ethambileyo. . .

²⁵⁷ Sone kakhulu kangako, kubonakala ngokungathi uyakuwufulathelisa umhlane Wakho kuthi, uze usiyeke simke. Kodwa, nangoko, njengokuba Wawunjalo emva phaya e-Eden, Wenza indlela yokusinda. Wenza indlela yokusinda ngenxa kaNowa. Wenza enye ngenxa kaMoses, kunye noDaninyeli, abantwana bamaHebhere. U, Usoloko usenza indlela rhoqo. Kwaye abo baYifumanayo, bahamba ekuKhanyeni kukaThixo baze babe noBomi. Abo abaYalayo, bagwetyiwe kwaye balahliwe.

²⁵⁸ Ndiyathandaza, Bawo waseZulwini, akusayi kubakho namnye wabo kwaba balapha ngokuhlwanje, kwabo abalahliweyo. Banga bangeva kamnandi ukugquma kukaThixo, uMoya oyiNgcwele uthetha emazantsi weentliziyo zabo, kwaye usithi, “Lo Ndim. Musani ukoyika. Ndim.” Kuba sikucela oko eGameni likaYesu. Amen.

259 Ndiyakubamba ubizo lwasesiguqweni malunga nemizuzu elishumi. Ndisemva kwexesha kancinci. Kodwa ndiyakholwa ukuba uBilly ukhuphe amakhadi omthandazo kubusuku obumbalwa obudlulileyo, okanye into ethile engenye, phezulu kwaMzalwana uGroomer. Kwaye ndicinga ukuba ubewakhuphile kubusuku obugqithileyo. Andizange ndawabiza. Andi... Ndiyaqikelela ukuba uwakhuphile kwakhona ngokuhlwanje. Andazi nokuba ukwenzile na okanye hayi, kodwa makhe sibizeni amanye aloo makhadi. Ingaba uMzalwana uGroomer ulapha? UGroomer? Hayi, hayi. UGroomer. Ingaba ulapha? Kuphi apho besiqale khona? Siqalisa ukususela kwini... Asiqalanga ukusuka kwini u-inye, phezulu phaya?

260 Kubusuku obugqithileyo, asikhange sibe nawo amakhadi omthandazo. Thina... UMoya oyiNgcwele uyehamba kanye phakathi kwesihlelele waza wabiza abantu. Ingaba niyakuthanda oko? [Ibandla lithi, "Amen."—Mhl.] Ndenjenjalo, nam. Kwaye ndishumayela nzima ngolu hlobo, ukuba mhlawumbi ndibononqenarhe kancinci kuwo.

261 Ndi—ndinika abantu amakhadi omthandazo, ndinyanzelekile ukuba ndimthandazele loo mntu. Kuphelele apho. Ukuba asinalo naluphi ucalulo, kulungile konke oko. Kodwa ndinyanzelekile ukuba ndimthandazele loo mntu. Unyana wam ukhupha ikhadi lomthandazo, ndi—ndimelwe kukuba ndimthandazele loo mntu. Kuphelele apho. Ke, ndi—ndiziva ngalo ndlela. Ndiya kuyenza lonto, uThixo endinceda. Ngaphambi kokuba ndilishiye ilizwe apha, ndiya—ndiya kuyenza loo nto.

262 Ngoku, asinakuthabatha xesha lide kakhulu. Makhe sibone, saqalisa ukususela kwelokuqala ukuya kumashumi amabini anesihlanu, ndiyakholwa ukuba yayililo, ngobo busuku. Ehe, u-inye ukuya kumashumi amabini anesihlanu. Ndi... Mzalwana uGroomer, ulapha? Mzalwana uGroomer? Andikubizi kakuhle oko. Kodwa ndicinga ukuba oko kulungile. Inye...

263 Ke, makhe siqalise ngaphaya ndaweni ithile engenye ngokuhlwanje. Makhe siqalise, makhe siqalise kumashumi asixhenxe anesihlanu, ngoko, ukuya kwikhulu. Ngubani onekhadi lomthandazo inani lamashumi asixhenxe anesihlanu, phakamisa isandla sakho. Makhe sibone ukuba... Ke, kunjalo oko. Oko kulungile. Konke kulungile, nyukela apha phezulu, nenekazi. Amashumi asixhenxe anesihlanu, amashumi asixhenxe anesine, amashumi asixhenxe... nje amashumi asixhenxe anesihlanu. Ngoku amashumi asixhenxe anesithandathu, amashumi asixhenxe anesixhenxe, amashumi asixhenxe anesibhozo, amashumi asixhenxe anethoba, amashumi asibhozo, amashumi asibhozo ananye, amashumi asibhozo anesibini, amashumi asibhozo anesithathu, amashumi asibhozo anesine, amashumi asibhozo anesihlanu, amashumi

asibhozo anesithandathu, amashumi asibhozo anesixhenxe, amashumi asibhozo anesibhozo, ukuqhubeka ukuya kwikhulu. Bavumeleni beze apha. Uphi uBilly Paul? Uxolo. Kulungile. Yiya, yihla uye phaya. Vumeleni abancedisi abathile bamncede bade bangene kungca wokuthandazela.

²⁶⁴ Ngoku, abanye benu nonke, khangelani kum umzuzu nje. Ehe. Ingaba niyaMthanda? Makhe nje kamnandi, sicule kamnandi, umzuzu nje, ngeli lixa abanye benu bazalwana bangabancedisi nisehla ukuya phaya. Owu, enkosi. Babafumene, ezantsi phaya, ke bona... Ngoko ukuze imigca ingaxubani. Ndifuna ukubathandazela aba bantu. Ngoko, ngomso, siyakube sithandazela mhlawumbi abagulayo nje ngokufanayo, kwaye njalo njalo, ide iqalise ingqungquthela. Kwaye ndi... .

²⁶⁵ Mhlawumbi uMzalwana uRoberts usenokuba nomgca wokuthandazela phezulu phaya, naye, phezulu e—endaweni. Bendisacinga ukuba mhlawumbi sobabini sibe nomnye ndawonye, omnye kwelinye icala, nomnye kwelinye. Kodwa a—andazi nokuba angakuthanda na oko okanye hayi. Andizange ndithethe kuye, kwaye kungcono ukuba ndithethe kuye kuqala, uyabona. UMzalwana u-Oral ngumzalwana olungileyo, usisicaka sokwenene sikaKristu. Kwaye ubeya kuthobeka ngokwaneleyo ukwenza oko, kodwa ndiyakuthiya nje ukuziphosa phaya nendoda elolo hlobo, uyabona. Ke mna nje mhlawumbi kungcono ukuba oko ndikuyeke. Ke, ukuba angandixelela, ukuba angandicela, “Mzalwana uBranham, yiza ndincede,” ndinga—ndingakuvuyela ukwenza oko. Kodwa, ngoku, uthobekile kwaye umzalwana olunge kakhulu. Kwaye ukuba angandicela ukuba ndikwenze oko, mna, kakade, ndingakwenza oko. Kodwa ndingathanda ukuba andicela, kuqala, uyabona. Kungcono ndingathethi kwanto malunga nalonto. Ningakhe nikukhankanye oko kuye, ngoku. Nje myekeni—myekeni andicela, ngoko ndiyazi ukuba konke oko kulungile. Yabona?

²⁶⁶ Kodwa ngoku—ngoku siya kubona. Bangaphi abathabathayo... Ke, ngoku, makhe sibone. Mangaphi amakhadi omthandazo akhoyo esakhiweni? Makhe sibone izandla zenu. Owu, kukho abambalwa ngakumbi, mhlawumbi amashumi amahlanu ngaphezulu. Amashumi amane, amashumi amahlanu ngaphezulu, mhlawumbi. Owu, ehe, mhlawumbi amashumi amathathu ngaphezulu. Konke kulungile. Ngoku siya kufumana—siya kufumana... .

²⁶⁷ Siya kubafumana. Ngoku siyaku... Nje libambe ikhadi lakho, ukuba awubizwanga. Yabona, yimizuzu elishumi emva kwentsimbi yeshumi, kwaye ndi—ndifuna ukuba nibe kwisikolo seCawe kusasa. Kwaye mhlawumbi ngomso, sineenkonzo ezimbini, sisenokuwasusa phantse onke amakhadi esinawo ngoko, kwaye ngoko—ngoko siqalise ngamatsha ngoMvulo kwakhona.

268 Siyakube siphil ngoMvulo ngokuhlwa? Owu, sisezantsi, masithi, eTucson. Ningalibali ukuza ezantsi eTucson ngoku, kwinqungquthela esezantsi phaya. Nawuphi na umntu apha ovela eTucson? Ehe. Ngokuqinisekileyo. Indawo yomyezo yehlabathi, ngokuqinisekileyo, umelwe kukuba uvela phaya. UMzalwana uCarl Williams uyakundilandela ngenxa yaloo nto, ngezinye zezi ntsuku. Xana ndeza okokuqala apha, yayizixeko ezikhuphisanayo, kwaye ndiyabona ukuba zisenjalo.

269 Sendiqhelene noko. Ibhola yethu, ibaseball, okanye iqela lebhola yomnyazi ekhaya, ezo zixeko zikhuphisanayo, iJeffersonville neNew Albany, owu, bethu, bethu, bethu! Whew! Kukhe kwakho ubusuku akukho gquba likhulu lemilo, xana benomdlalo, ke andazi ukuba ungakhe ubanjelwephi na.

270 Basoloko bekuwo rhoqo, ndiyazi, eTucson. Kodwa iPhoenix iye yakhula ngaphezu kweTucson ngezihlandlo ezininzi, ndiyakholwa, kuba ndi...ITucson, andicingi ukuba isisinye kwisithathu sobukhulu bePhoenix. Kodwa...

271 Siya ezantsi phaya, kuba banabathile abalungileyo, abantu abangcwele ezantsi phaya, ndiqinisekile. Naphi na apho ndakhe ndaya khona ehlabathini, ukuya kutsho kumahlathi ase-Afrika, ndisabafumana nangoko. Owu, bethu! Ndinqwenela ukuba ndingafumana inkosikazi yam ize apha ize iniculele elaa culo ngobunye ubusuku, "Basuka eMpuma naseNtshona, ukusuka kumazwe akude." Ngoku, ibiya kuphakama ize inyebelezele iphume xana ndikutshoyo oko.

272 Ke, imoyika ukufa uMzalwana uRose. UMzalwana uRose wathi, "Udade uBranham ulapha. Siya kumcela ukuba enyuke, atsho ilizwi."

273 Wathi, "Intliziyo yam yatsiba malunga neshumi elinesihlanu." Wathi, "Ndafihla intloko yam ezantsi." Wathi, "UBill, ukuba ukho naphina na emhlanganweni," wathi, "Ndiqinisekile ukuba ndiya kuzifihla." Usemva ngenene. Ke, ngoku ndi—ndi—ndikuva ukusuka koku xana ndifika ekhaya.

274 Ndiyathemba ukuba nonke nina bantu baselula... Nditsho oku, hayi ngokuba ilapha. Niyakwazi oko, kwaye nani nonke abo niyaziyo. Ndiyathemba ukuba wonke umfana kwesi sakhiwo, xana etshata inkosikazi yakhe, ukuba ilunge ngolona hlobo kuye, kwaye nonwabe kangangoko kunye, njengenkosikazi yam besinjalo kule minyaka. Ukuba kukho naluphi uzuko oluya kunikwa usapho lwakwaBranham, makhe luye kuye. Uyikumkanikazi. Ngokuqinisekileyo uyiyo. Enye into, ungumama wokwenene. Kwaye ngoko khangela lonto imelwe kukuyinyamezela, yabona, kwaye ngoko, ke, unga—ungamangaliswa ukuba yintoni leyo. Ngokuba, abantu emnyangweni, imini nobusuku. Kwaye imi phakathi kwam noluntu, yabona, kulapho, ekhaya. Ke lowo ngumsebenzi onzima ngenene.

275 Kwaye uBilly Paul omncinane omdala, ndicinga ngaye, ngamaxesha amaninzi, ndandimbeleka ndijikeleza naye, xana umama wakhe wafayo, usana nje oluncinci. UGqr. Adair wayedla ngokuthi, “Ungumfo ongaqhelekanga.” Kwaye bendiya kuba sezantsi esitratweni, ndimthwele, kwaye yena elilela umama wakhe, kwaye imozulu ebandayo, uyazi, mna ndimbambile phezulu kwegxalaba lam, *ngolu* hlobo.

276 Kwaye ndingenayo imali ngokwaneleyo yokucina eyakhe...okanye ukumfumanela ibhotile yokwenyani. Ndamfumanela ibhotile yeCoke enengono phezu kwayo. Bendiya kuyifaka *apha*, ndize ndiyigcine phantsi kwengalo yam, ndiyigcine ishushu. Wayelila kakhulu, bendiya kusondela, ndifake loo ngono emlonyeni wakhe. Ndimvumele ayincance okwethutyana, ndize ndiyibuyisele ibhotile ezantsi *apha*. Kwaye ndandinobisi konke phezu kwam, nayo yonke into, uyazi.

277 Ndandimbambile, ndiqhubela phambili kanye, uyazi, ndimthabatha ndiqhubele phambili. Ngexesha lasebusuku, bethu, bethu, indlela endandizama ngayo ukumshushuzela ukuba alale, ndize ndifumane umntu othile eze kumjonga ngeli thuba ndisiya kwaye ndithandazela abagulayo. Sisuka kude kunye. Ndiyathemba Usigcina singaloo ndlela.

278 Ndimbonile izolo, ethwele inkwenkwe yakhe encinci. Kwaye ndacinga, “Billy, lowo yayinguwe, nje kwithutyana elincinci elidlulileyo.” Ke, yiloo ndlela ekufuneka senze ngayo, siphume endleleni, kwaye sinike abanye ithuba. Malibongwe iGama leNkosi.

279 “Xana ingonyama igqumayo, yabona, ngubani na ongayi koyika?” “Kwaye ukoyika uThixo kukuqala kobulumko.” Kunjalo oko? Yiloo nto eyatshiwo yindoda esisilumko. “Ukoyika uThixo.”

280 Ngoku, ndifuna nina bantu enikulaa mgca wokuthandazela, enimi phaya, nonke nina baziyo ukuba andazi kwanto malunga nani, phakamisani izandla zenu. Wonke ubani. INkosi elungileyo yeZulu ekubeni inguMgwebi wam; ngokokwazi kwam ebomini bam, andizange ndabona namnye kubo ebomini bam. Mhlawumbi bakha bandibona, behleli phandle esihlweleni.

281 Ngoku, bangaphi abaphandle phaya esihlweleni, abaziyo ukuba andazi kwanto malunga nani? Kodwa, nangoko, niyagula, kwaye niyakholwa ukuba, uThixo, nisenokuchukumisa umqkumbelo wengubo Yakhe, kwaye uThixo uya kuthetha kum ukuba ndinibize, njengokuba Wenzayo kumfazi, njengomfazi wakuqala? Owu, bethu! Akumangalisi ukuba ndishumayele ixesha elide kangaka. Isihlwele esilolwa hlobo, ngolo hlobo lokholo, simelwe kukuyenza loo nto.

282 Eli inenekazi? Ngoku, nali inenekazi. Sihlangana ngokuhlwanje njengabasemzini, kwaye ngoku limi apha.

Kakade, mhlawumbi liyagula, okanye lisenokuba linenye inkathazo ethile.

²⁸³ Yabona, uThixo uyazenza nezinye izinto ngaphandle kokuphilisa abagulayo, uyazi. Kwaye ke . . . Kwaye Wathembisa ukuhlangabezana nazo zonke izidingo zethu, izidingo zethu, ngamanye amaxesha hayi iimfuno zethu, kodwa izidingo zethu. Ngoku ndifuna nje ukuba nicinge, enye ngoku, xana nisiya ekhaya, okanye ukuba anizange niyifunde ngaphambili, fundani uYohane oNgcwele 4, kwaye—kwaye nibone ngoku. Ngoku, apha, ngoku, andisakhumbuli . . .

²⁸⁴ Makhe ndithethe oku. Ndiyakholwa, olu lungiselelo, usenokuba Uyakundithabathela ekhaya okanye aluphakamise. Lu—lufikelele kanye kweli xesha lokugqibela. Okanye, mhlawumbi andithumele phesheya kweelwandle okanye ndaweni ethile apho bangazange baLuve. Yabona? Kukho into elungiselela ukwenzeka. Nikhumbule nje.

²⁸⁵ Kwaye, mamelani, andingomthengisi weteyiphu. Kodwa ndinomzalwana olungileyo apha lowo othabatha ezi teyiphu, kwaye lowo nguMnu. Maguire. Ndiyakholwa ukuba nguJames Maguire. Kwaye owakhe—owakhe uyisezala, uMzalwana uSothmann emva phaya, banazo ezi teyiphu. Bendiyaku, ukuba nabani na kuni unesixhobo sokushicilela . . . Andiyi kuthetha nantoni na malunga nazo ngoku, kuba andazi kwanto malunga nazo. Kodwa ukuba wakha wathenga iteyiphu kubo, thenga laa teyiphu, *Bahlekazi, Leliphi EliXesha?* Phulaphula kuyo, *Bahlekazi, Leliphi EliXesha?* Yidlale uthandazile, kwaye ngoko uya kuqalisa ukundithandazela. Yabona? Xana u . . . Kuba, uyakubona ngoko yeyiphi—yeyiphi ingxaki endimi kuyo kanye apha ngokuhlwanje. Thetha malunga nokuba sengxakini, ukuba kuphela ubusazi ukuba yintoni ebendimi kuyo, kanye ngoku, kanye apha! Yabona? Kodwa kufuneka ndiqhubele phambili. Umntu ophumeleleyo akaze ayeke, kwaye oyekayo akaze aphumelele. Kunjalo oko. Ndimelwe kukwenza lonto ndiyishumayeleyo. Yabona? Ngoku, ndiyamkholwa uThixo. NdiyaMkholwa kanye ngoku.

²⁸⁶ Ngoku, apha kuphezu kwesiseko. Ngoku, ukuba bendiyi—ukuba bendiyiNkosi yethu uYesu ndimi apha, kwaye lomfazi ubegula, uyazi bendingayi kumphilisa ukuba bendiyiNkosi uYesu. Bendingena kukwenza oko, kuba bendiyakube sele ndikwenzile oko. Ngoku, bangaphi abayaziyo ukuba yinyani leyo? [Ibandla lithi, “Amen.”—Mhl.] Yabona? Ngokuqinisekileyo.

²⁸⁷ Usele waxolela sonke isono. Usele ephilise wonke umntu ogulayo. Sele ekucamagushele oko ngelaa Gazi eKhalvari. Ixabiso sele lihlawuliwe. Lonke lihlawuliwe. Kodwa inye kuphela into omelwe kukuyenza kukuLamkela, Likhohle kwaye uLamkele. Kwaye awukwazi ukuLamkela ude kuqala ube uLikhohle. Yabona? Kholwani iVangeli.

288 Ngoku, kodwa bekunokuthini ukuba Ibimi apha, inxibe laa suti iNkosi elungileyo ibinayo uMzalwana noDade uWilliams ukundithengela yona, malunga neminyaka emihlanu okanye emithandathu eyadlulayo? Bekunokuthini ukuba Ibiyakuba imi apha ngenxa yalaa suti, inxibe le suti, aze abe lo mfazi wayemi apha?

289 Ngoku, ukuba Ibinamanxeba esandleni saYo, Ibiyakuthi, “Uyabona, NdinguMesiya. Ndi . . . Bona amanaxeba? Jonga phezu kwebunzi laM.” Ngoku, naliphi na ibhedengu linokuyenza loo nto. Kunjalo oko. Ubungekhe uYazi ngaloo nto. Kwaye ukuba Ibimi apha ngolo hlobo, bendiyakwazi ukuba ibingeyiYo. Bendiyakwazi ukuba ibingeyiyo.

290 Kuba, xana Ifikayo, ixilongo liyakukhala. Siya . . . Ayisayi nkqu nokuza emhlabeni. Siyakuxwilelwa phezulu emoyeni, ukuya kuYihlangabeza. Yabona? SiYibamba emoyeni. “Thina basabudlayo ubomi basaseleyo siya kuxwilelwa phezulu kunye nabo, ukuya kuyikhawulela iNkosi esibhakabhakeni.” AYinakuza emhlabeni. Sihlangana naYo esibhakabhakeni.

291 Kodwa ngoku Yathi, “Ndiya kuba nani, kude kuse esiphelweni sehlabathi. Andisayi kunishiya okanye ukuniyekela.” Ingaba njani Yona? UBomi baYo. Ngoko, ukuba uBomi baYo bungaphakathi kum, kwaye ngoko ndiyakuba ndiYimele. Ngoko, ukuba bebuya, bekuya kuba buBomi obunye obabukuYo, bebuyakwenza kwa ezi zinto zinye Yazenzayo.

292 Ngoku, apha yindoda nomfazi, njengoYohane oNgcwele 4. Yahlangana nomfazi. AYizange imbone ngaphambili. Wayengazange aYibone. Kwaye nabo apho babemi khona, kunye. Kwaye Yamxelela, umfazi owayesequleni, ukuba yayiyintoni na inkathazo yakhe. Kwaye xana Yakwenzayo oko, wathi, “Mhlekezi, ndiyaqaphela ukuba Ungu—Ungumprofeti.” Wathi, “Kodwa siyazi ukuba uMesiya, xana Athe wafika, Lowo ekuthiwa ngu*Kristu*, othetha ukuthi, ‘othanjisiweyo’; xana Efika, Uyakwenza ezi zinto, asixelele ezi zinto.”

Kwaye Yathi, “NdinguYe, lowo uthethayo nawe.”

293 Ngoku, ukuba Usekwanguye izolo, namhlanje, nangonaphakade; kuphela, umzimba wenyama . . . Usebenzisa imizimba yethu. “Ungumdiliya. Singamasebe.” Ngoko, laa Moya uyakwenza kwakhona kanye njengokuba Wenzayo xana WawukuYe. Ingaba kunjalo oko? Ingaba uyakunenza ukuba nikholwe? Yithini, “Amen,” ukuba uyakunenjenjalo. [Ibandla lithi, “Amen.”—Mhl.]

294 Ngoku, nenekazi, mna ekubeni ndingakwazi, andizange ndakubona ebomini bam, njengokwazi kwam. Kakade, mhlawumbi wakha wandibona esitratweni okanye emihlanganweni, na njalo njalo. Kodwa eli lityeli lethu lokuqala lokuhlangana.

295 Ngoku, ukuba—ukuba yimpiliso oyidingayo, ke, ndi, ukuba bendinokuyenza lonto, bendiyakuyenza, kwaye ukuba bendinayo nayiphi na indlela. Kwaye ukuba zimali, ukuba bendi—bendingayinceba lonto, bendiya kuyenza lonto. Kwaye ukuba ubunokuthi, kusenokuba ngumntu othile ongomnye, ubungathi, “Ndize apha, Mzalwana uBranham, ukuze uthandazele u—unyana wam, okanye intombi yam, okanye udade wethu, okanye utata,” okanye umntu othile. Bendiya kukwenza oko, yabona, nantoni na endingayenza.

296 Kwaye—kwaye ukuba unenkathazo yasekhaya, Bendiyakuthi, “Ndingathanda ukuhlangani nawe nomyeni wakho, kunye, ndize ndithethe nani kwenye indawo ethile ngaphandle kwalapha, uyabona, ukuze ndithethe nani nobabini ndize ndibone nje kanye apho isiphoso silele khona.” Ngoku, xana uMoya oyiNgcwele utyhila, uthi, “Lindani umzuzu nje. Nenza *oku* kanye apha ngeli xesha lithile.” Oko kuyayigqiba lonto. Anikwazi kukukhanyela oko. Yabona? Uthi, “Nenza *oku* ngapha.” Ngoku, ngoku kugqityiwe, uyabona. Ngoku, niqalisa ukususela kanye phaya. Yabona? Ngaloo ndlela, yenziwe.

297 Ngoku, uyazi ukuba ndithetha nawe ngenxa yenjongo ethile. Bendishumayela. Yabona? Kwaye ngoku ndi—ndizingenisa nje kwi—kwintambiso ngenxa yento ethile eyenye, uyabona, ukuze sibone ukuba uMoya oyiNgcwele uya kuza kwaye usebenze phezu kwam ngesibabalo esiNgcwele; oko kukuthi, iingqondo ezimbini zangaphantsi zilele kanye kunye, nto leyo endinika ubabalo lukaThixo lokubona imibono, kwaye sibone ukuba kwenzeka ntoni, yintoni eya kwenzeka, yintoni eyenzekayo.

298 Uyazi nokuba yinyaniso okanye hayi. Umi apha phambi kwamakhulu amahlanu ubuncinane abantu, yabona, okanye akufuphi nawo, amakhulu amathathu, nakanjani na. Yabona? Kwaye—kwaye uyazi ukuba yona—yona... Uyazi ukuba yinyaniso okanye hayi. Kwaye—kwaye ukuba yinyaniso, ngoku nguThixo. IBhayibhile yathi, “Ukuba kukho ubani ukhoyo phakathi kwenu, ongowomoya okanye umprofeti, ize lonto ayitshoyo yenzeke, ngoku mveni.” Yabona? Ngoku, “Ukuba ayenzeki, ngoku musani ukumva.”

299 Ngoku, andinalwazi lokuba elinenekazi likho ngabuni na. Kodwa ngoku nje makhe uMoya oyiNgcwele uze, kwaye sibone ukuba Akakuxeli na oko. Yabona? Kwaye ukuba akuyi kuba yinto efanayo naleyo iNkosi yethu yayenzayo! Oko ibikukuphela kwento Ibiyakuyenza ukuba Imi kanye apha, kuba, khumbulani, yiYo. YiYo. Ayindim. Andimazi. Ndiyavuma, andimazi kwayena. Ke, iyakuthabatha Yena.

Ngoku, kakade, ngoku inenekazi linemvakalelo emangalisayo emoyeni walo.

300 Hayi ngenxa yokuba liphakamise isandla salo. Nonke benikwimihlangano, naza nababona bephakamisa isandla sabo,

besenza *ngolo* hlobo, aze uMoya oyiNgcwele abize ebuyela emva kwaye abaxelele lonto ababeyiyo. Yabona? Kunjalo oko. Oko akuthethi nayiphi na into. Ubeve bekhala baze bakhwaze; kanye ngoko, ubaxelela kanye ngoko, “Uhlala nenkosikazi *yale* ndoda,” wayibona kanye ngapha, nayo yonke enye into. Ke, uyazi. Benisemihlanganweni naza nazibona ngendlela ezo zinto, kwaye nazibona ngendlela ezo zinto, ezo azithethi kwanto.

³⁰¹ Kodwa eli nenekazi libonakala liyimvakalelo emangalisayo emoyeni walo. Ngoku, inenekazi likhathazwa yinto engalunganga. Ndilibukele, indlela elitya ngayo. Liphambi kwam ngoku, etafileni, kwaye litya uhlobo lokutya okanye into ethile, uhlobo lokutya okungaqhelekanga. Kunjalo oko. Yinyani leyo? [Udade uthi, “Kunjalo oko.”—Mhl.] Ngoko phakamisa isandla sakho ukuze abantu basibone. Yabona? Ndibone inenekazi phambi kwam, lisenza into ethile. Nokuba ibiyintoni na, iseteyiphini. Yabona? Konke kulungile. Ngoku, nje ukuze nazi kutheni . . . Lingumntu olungileyo.

³⁰² Khangelani umzuzwana nje. Ngoku uMoya uyathambisa. Ngoku, wonke umntu makahlale ngentlonipho ngenene. Qhubekani nithandaze. Yibani semthandazweni, kuba ndiYibonile ihamba kanye phezu kwesihlwele kanye ngoko. Yabona? Ngoku yibani nentlonipho ngenene.

³⁰³ Makhe sibone inenekazi kwakhona, nje ukuthetha nalo. Nokuba yintoni na Akuxelele yona . . . Ehe. Nantsi apho ikhoyo. Isetafileni. Yi—yinkathazo yesisu. Kwaye luhlobo oluthile olufana nosulelo okanye into ethile esesiswini. Ugqirha ube khangelene koku. Kwaye, wathi, ube nale nkathazo ngexesha elide. Kwaye, yakuba, yazisiwe, “Isilonda, eso savukayo.” Kwaye ngoku watsho into ethile. Ingaba yayiyintoni lonto? “Ithunjana lokucola ukutya. Ithunjana lokucola ukutya. Ithunjana lokucola ukutya,” Ndimve esitsho oko. Yabona? Kunjalo oko. Oko kunjalo kanye. Igama lakho unguNkosazana uMcCraw. Kunjalo oko. Qhubeleka phambili ngoku, kholwa ngentliziyo yakho yonke.

Uyakholwa?

³⁰⁴ Emva kokuba ulile ngolo hlobo, uhleli emva phaya, mhlekazi, laa miphunga iwileyo leyo ubunayo umelwe kukuba uziva ungcono ngoku, ukuba uyakholwa. Konke kulungile ngoku. Kulungile, oko kuyenzile loo nto. Amen.

Yintoni ayichukumisileyo?

³⁰⁵ Lendoda, amalunga namabini emva kwayo phaya, unokuqina kwemithambo, ukuba uyakholwa nawe, mhlekazi!

³⁰⁶ Yintoni ayichukumisileyo? Anikuboni okwa kuKhanya kundanda kanye phaya? Khangela kulaa mbala uGwanqa phaya. Andiyazi landoda, andizange ndayibona ebomini bam. Kholwa nje kwiNkosi uYesu.

307 Ngoku, ndaweni ithile, kukho usana oluncinane apha, imveku inentamo egoso. *Nantso* apho ikhoyo. Andimazi yena. Kholwa, dade. Intamo yoloo sana iya koluleka, ukuba uya kukholwa oko.

Yintoni ayichukumisileyo? Haleluya.

308 Kukho enye into ethile malunga nentamo. Ndiyibonile. Ngumfazi. Andikwazi kumbeka. Ehe. Uhleli apha, elila. Nksk. Riley, kholwa kwiNkosi uYesu Kristu, intamo yakho iyakuphila. Kholwa.

309 Andimazi umfazi. Andizange ndambona ebomini bam. Ekuphela kwento emawuyenze kukukholwa kuYesu Kristu. Ingaba uyakukholwa oko? Yibanokholo.

310 Andikwazi, mhlekazi. Singabasemzini omnye komnye, ngokokwazi kwam. Uyakholwa ukuba uYesu Kristu angandixelela ukuba yintoni inkathazo yakho? Uyazi ukuba iya kuba ilungile okanye hayi, awunjalo? Ukuba unokukholwa ngentliziyo yakho yonke ngoku! Iyaqhubeka nokuhamba esihlweleni. Uyakholwa ukuba inkosikazi yakho phaya phandle iyakuphila, nayo? [Umzalwana uthi, “Ewe.”—Mhl.] Inkathazo yeliso, ixhwalekiswa yinkathazo yeliso. Yikholwe lonto? Awungowalapha. Hayi. Uvela apho kukho amanzi amaninzi, ngendlela ethile. Sisixeko esiselunxwemeni. KuseCalifornia, eLos Angeles. Buyela emva, Mnu. Bowman, kwaye uphile. Kwaye uYesu Kristu uyakuphilisa.

311 Uyakholwa? Ngoku, wena, wonke umntu angaphiliswa khona ngoku ukuba niyakukholwa koko. Niyakukholwa oko?

312 Kuthini malunga nawe kungca wokuthandazela, uyakholwa, nawe? Yibanokholo nje, kwaye ungathandabuzi. Kholwa ngentliziyo yakho yonke, umzuzu nje.

313 Eli nenekazi, isizathu sokuba ndime kulo, likwimeko emandundu. Lo mfazi uya kufa kanye ngoko nangoko ukuba into ethile ayenziwanga ngenxa yakhe, kuba ugutyungelwe lithunzi. Niyalibona elaa thunzi limnyama liphezu kwakhe?

314 Uthi, uyazi, sinethunzi loko kufa eliphezu kwabantu, lithatyathwe ngomfanekiso wekhamera, kanye njengeNgelosi yeNkosi? Sinawo ujika ebandleni lethu; enkulu kakhulu, emnyama ukukhangeleka into, njengenjengesitshingitshane, sindanda pheu komfazi. Bamxelela ukuba angawuthabathi umfanekiso. Waza uMoya oyiNgcwele wathi, “Wuthabathe kanye ngoku.” Kwaye bawuthwebula umfanekiso, kwaye nanko wawuphaya. Yabona? Kumacala omabini, apha. Lijinga kanye phaya.

315 Nina bantu bavela emnqubeni, abanye benu abakhoyo, abalapha, uMzalwana uFred kunye nabanye, nantsi kwaloo nto inye ijinga kanye phezu kwalo mfazi.

316 Unomhlaza, kunjalo oko, isinyi. Kunjalo oko. Ingaba kunjalo oko? Phakamisa isandla sakho ukuba leyo yinyani. Yabona? Ngoku ubumnyama buhambile, ngaphandle kokutsho nantoni na. Yabona, nje ukholo lwakhe, olo lukwenzileyo oko. Hamba, ukholwa. Amen. Amen. Musa ukukuthandabuza oko. Hamba nje kwaye ukholwe ngentliziyo yakho yonke.

317 Inkathazo yentliziyo ibulala abantu abaninzi, kodwa ayiyikukubulala ukuba uyakukholwa. Amen. Hamba nje, uthi, “Bulela iNkosi.” Hamba kwaye uphile. Konke kulungile.

318 Umtyholi angathanda ukukwenza ukuba ube nesi sifo samathambo ubomi bakho bonke. Kodwa ukuba uyakholwa ngentliziyo yakho yonke, uYesu Kristu uyakukuphilisa. Uyakholwa koko? Qalisa indlela yakho, ubulela uThixo.

319 Uyakholwa ngentliziyo yakho yonke? Ungahamba udle isidlo sakho sangokuhlwa, kwaye loo nkathazo yesisu iyakukuyeka. Nje hamba uthi, “Mayibongwe iNkosi!” Hamba, ukholwe kuYe ngentliziyo yakho yonke.

320 Ubune, kananjalo, inkathazo yesisu. Kholwa ngentliziyo yakho yonke, uze uhambe, kwaye uYesu Kristu uyakukuphilisa. Konke kulungile.

321 Yintoni le unoloyiko malunga nayo kangaka? Ukhathazwa bubuphakuphaku. Nje bubemalunga nokukuwisa phantsi, phantse ekuqhekekeni, uSathana ekuxokisa. Kodwa buphelile ngoku. Uyandikholwa? Hamba, kwaye uthi, “Mayibongwe iNkosi!”

322 Nkosi Yesu, ndiyathandaza ukuba Umphilise udade wethu kwaye umenze apha, eGameni likaYesu. Amen.

323 Yiza, ukholwa, dade. EGameni likaYesu Kristu, ndibeka izandla zam phezu kwakhe ukwenzela impiliso yakhe.

324 Yiza, mzalwana wam. EGameni likaYesu Kristu, ndibeka izandla zam phezu komzalwana ukwenzela impiliso yakhe. Amen.

325 Bangaphi abanentliziyo ekholwayo, phantsi kwesandla esiya kuphakanyiswa? Ngoku beka eso sandla phezu komnye umntu othile osecaleni kwakho. Uthi, “Ingaba u-Amosi ubeya kuthetha loo nto?” Ngokuqinisekileyo ubeya kwenjenjalo. Elo liLizwi leNkosi. Phakamisa isandla sakho, uyakholwa.

326 UYesu wathi, “Le miqondiso iya kulandelana nabo bakholwayo. Ukuba bathe babeka izandla zabo phezu kwabagulayo...” Akazange nkqu athi baya kubathandazela. Wathi, “Ukuba bathe babeka izandla zabo phezu kwabagulayo, isandla nje sibekwe phezu kwabo, bayakuphila.”

Masithandazeni.


327 Nkosi uYesu, uKumkani ugqumile ngeZwi Lakhe, “Le miqondiso iya kulandelana nabo bakholwayo. Ukuba bathe

babeka izandla zabo phezu kwabagulayo, bayakuphila.” Nkosi Thixo, yanga lonke idemoni lingakhala. Yanga sonke isifo singahamba. Wanga umtyholi angoyiswa, baze abantwana bakaThixo baphume kwesi sakhiwo ngokuhlwanje ngoloyiso namandla ovuko lukaYesu Kristu.

³²⁸ Kholwani koko. Kunjalo oko. Nje hlalani kanye nayo. Yithi, beka nje, gcina isandla sakho phezu komntu othile, usithi “Nkosi, baphilise.” Ndifuna ukuba uthandaze. Ndithandazile. Ndifuna ukuba uthandazele umntu othile. Ungu—ungu u... UngumKristu njengoko nam ndinguye. Sonke singamaKristu. Ngoku thandazela umntu othile. Bayakuthandazela.

³²⁹ Ngoku, uyakufuna njani ukuba umntu othile akuthandazele? Bathandazele njengokuba ufuna umntu othile ukuba akuthandazele. “Yenza kwabanye, njengoko ungathanda ukuba abanye benze kuwe.” Thandaza kanye ngokuphandle, unyaniseke, kanye njengokuba ufuna ukuba bakuthandazele.

³³⁰ “Kwaye umthandazo wokholo womsindisa ogulayo. UThixo uya kubaphakamisa. Kwaye ukuba baye banako nakuphi na ukungakholwa, kuyakususwa kumke kubo.” Ngokuba? “UKumkani uyagquma. Ngubani na ongayi kuprofeta? Ngubani na ongayi kungqina xana uKumkani agqumayo?” ILizwi Lakhe lithi, “Usekwanguye izolo, namhlanje, nanganaphakade.”

Mzalwana uFuller, yiza. UThixo akusikelele. 

63-0119 Indlela Yomprofeti Wokwenyani
e-Faith Temple
e-Phoenix, e-Arizona U.S.A.

XHOSA

©2025 VGR, ALL RIGHTS RESERVED

VOICE OF GOD RECORDINGS
P.O. BOX 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.
www.branham.org

Ilungelo lombhali elilelakhe lokushicilela

Onke amalungelo agciniwe. Le ncwadi ingaprintwa kwiprinta yasendlini ukwenzela ukuba isentyenziswe okanye kunikezwe ngayo, ngaphandle kwentlawulo, njengesixhobo sokukhawulezisa iVangelli kaYesu Kristu. Le ncwadi ayinakuthengiswa, yenziwe kwakhona ngesixa esikhulu, ifakwe kwi website, igcinwe kwindawo apho inokukhutshwa khona, itolikelwe kwezinye iilwimi, okanye isetyenziselwe ukurhwebesha imali ngaphandle kwemvume echaziweyo ngombalo ephuma eVoice Of God Recordings®.

Ngeechukacha ezithe vetshe okanye malunga nezinye izinto eziphathekayo, nceda qhagamshela:

VOICE OF GOD RECORDINGS

P.O. Box 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.

www.branham.org